ISIDLO SAMAXILONGO

Masithobeni iintloko zethu. Nkosi, ngelinye ithuba kwakhe kwathiwa, ngabafundi Bakho abathandekayo, “Sifundise ukuthandaza.” Kuba xa simbona uThixo omkhulu waseZulwini, siye siqonde ukuba singabanganelanga kangakanani na. Ngoko sifundise ukuthandaza, Nkosi, ezintliziyweni zethu ngoku, ukwenzela ezo zinto zi—ziyakuba yinzuzo kuBukumkani Bakho nakubakhonzi Bakho. Wena wazi intswelo yomntu ngamnye apha.

2 Kwaye naku apha phezu kwedesika, ngale ntsasa, ziitshefu neefaskoti, neepasilana nje ezivela kwabo baswele uncedo ngokwasemzimbeni, nangokwezasekuhlaleni, kunye nantoni na enokuba yenye. Kodwa Wena unguThixo, kwaye uThixo yedwa, uThixo ekuphela kwakhe oyinyaniso okhoyo. Kwaye sicela Wena eGameni likaYesu, uNyana Wakho othandekayo, ukuba Uyakuphilisa ngamnye kwaba. Kwaye mhlawumbi basenokuba bakho abanye apha abangenatshefu ilapha, okanye ipasile, abadinga impiliso.

3 Kungenzeka ukuba kukho abathile ngokunqamleze ezizweni, ehlabathini jikelele, apho nkqu nayo le teyiphu iyakuhlangana nabo kumakhaya abo okanye kumabandla abo. Siyakuthandaza, Nkosi, ukuba ngeli thuba inkonzo iqhubekayo, e—e. . . okanye iteyiphu iyadlalwa, okanye nayiphi na indawo esiyakube sikuyo, okanye—okanye imeko, wanga uThixo omkhulu waseZulwini angahlonipha oku kunyaniseka kweentliziyo zethu ngale ntsasa, aphilise osweleyo, abanike oko baswele kona.

4 Sisikelele ngoku kule nkonzo izayo. Thetha ngathi, ngendlela ongazanga uthethe ngayo ngaphambili, ngenxa yesizathu soBukumkani bukaThixo. Silinda, eGameni likaYesu, impendulo Yakho. Amen.

5 Awunakundinceda ngako oku? [UMzalwana Branham ususa izinto epulpitini—Mhl.]

6 Kuhle ukuba lapha enkonzweni kwakhona ngale ntsasa. Kwaye bendithetha nabanye abahlobo ababesandula ukufika bevela e-Ohio, kwintombazana encinane, ethe yaziswa apha kwiinyanga ezimbalwa ezidlulileyo, ebisifa inesifo segazi. Abantu bebehlwempuzeke kakhulu, abazali. Yaye andinaxesha ngale ntsasa lokufunda u—ubungqina obuza kuya kwifayile. Kodwa nankuya umfanekiso walaa ntombazana incinci emva kweentsuku ezintathu, ndiyakholwa ukuba bekungoko, emveni kokuba yathandezelwa. Oogqirha bayinika nje iintsuku ezintathu ukuba iphile, kwaze ngeentsuku ezintathu emva

koko ababi nakufumana nomkhondo wayo. Kwaye ngoku isesikolweni, yonwabe kakhulu. Ndiqinisekile ukuba ibandla liyakhumbula xa sasinayo apha egumbini.

7 Ngokunjalo ke nosana oluncinane olwazalwa lunezibilini, ngokungathi, zingaphandle. Ngandlela ithile oogqirha, nakule meko incinane ngendlela izibilini ezenzeke ngazo, azaba nakubuyiselwa ngaphakathi kwakhona. Babesoyika ukuchukumisa loo nto incinane, iseyimveku nje esandula ukuzalwa. Kwaye ngoku, lo mfo omncinane umalunga nonyaka ubudala, ndiyaqikelela, into elolo hlobo, enezibilini eziqhelekileyo, yonke into nje iyeqhelekileyo njengokuba inokuba njalo. Lubabalo nje lukaThixo, ukuba Ulunge kangakanani kuthi.

8 Ngoku, namhlanje, bendifuna ukwazisa ukuba umhlangano lowa besiwuceba, bendiceba ukuya kule veki ilandelayo izayo e—e-Afrika, ngaphaya kunye noMzalwana uJoseph Boze, eKenya naseTanganyika. Asikwazi ukubanawo umhlangano, ngenxa yencwadi yocingo esuka kuMzalwana uBoze, "Kwiveki ephelileyo abathathu babaseki mabandla bakuthi babulewe, bagwintwa."

9 Kwaye banovukelo oluqhubekayo phaya ngoku. Kwaye amakomanisi anyebelezisa imipu kubantu abangabemi beloo zwe, bebanga ukuba banezikhephe zokuloba ezilapho kufutshane, i-China yaMakomanisi neRussia; base izixhobo kubantu abangabelozwe, kwaye abazi ukuba mabazisebenzise ngokungcono njani na kunokuba bazisebenzise nje kuyo nantoni na abayibona ukuba banokuzisebenzisa kuyo. Ngoko, apho, u—u—urhulumente ucinge ukuba bekungayi kuba bubulumko ukuqhuba umhlangano ngeli xesha. Kwaye ngokokwazi kwam, ngokunjalo, ukuba uMzalwana uBoze akanako nokusivula isikolo sakhe kule ngingqi, apho bendizakuya khona, ngeli xesha. Kodwa ke ayijikwanga, imiselwe nje elinye ixesha de babenakho ukuyifumana ikwinzolo kwakhona.

10 Ndivuya kakhulu ngale ntsasa ukubona, phakathi kwethu kwakhona, emva kweminyaka emininzi engekho, uMzalwana uJackson, uMzalwana Sidney Jackson noDade uJackson, abaphuma eMzantsi Africa. Ingaba sebethethile? [UMzalwana uNeville uthi, "Ewe"—Mhl.] Kwaye aba bantu babengabazalwana nodade bam benene, namaqabane emsebenzini kwimvuselelo yaseMzantsi Afrika, kutyelelo lokugqibela ngaphaya. Nto leyo, esithembayo ukuba ngenye imini, ngobabalo lukaThixo, siyakubuya sibe kunye nabo kwakhona, kuba kuyimfuneko.

11 Kwaye bendizama isithuba seminyaka elithoba ukubuyela. Kodwa, ngenxa yesizathu semibutho, nezinto ezinjalo, abasayi kundivumela ukuba ndibuyele. Ngoko ndibabhalele incwadi kutsha nje, kwaye ndathi, "Ngoko igazi laloo miphefumlo ilahlekileyo malibe kuni hayi kum."

Kuba, ndiyakholwa ukuba uThixo ebefuna ukusebenzisa ulungiselelo lwam phaya ngaphesheya, ukwenzela abo bantu, okwexesha elithile. Kwaye ngenxa yezantlukwano zabo zobuhlelo zabo, abasayi kundivumela ndibuyele. Kodwa, kulungile, iNkosi iyakuyihoya loo nto.

12 Ngoku, into endinqwenela ukuyithetha ngale ntsasa, yokuba ukuba iNkosi ithandile, uMzalwana uNeville undicelile ukuba ndiqhube inkonzo ngobubusuku, kwaye eMnqubeni. Ngoko si . . . Niyamenywa. Kwaye ngoko kwiCawe elandelayo, iNkosi ithandile, ndizakuba lapha, ngokunjalo; ukuze mhlawumbi kwezi mbini okanye iiCawe ezintathu ezilandelayo, ngenxa yokungabikho kwayo le, yokuba uchithiwe lo mhlangano ubucetyiwe.

13 Ngoku, singathanda kananjalo ukutsho, ukuba, ndithe mhlawumbi singashumayela aMaxilongo aSixhenxe ngeli xesha. Sicinge nje ukuba sasizakuyenza njani ekunganelini komlinganiso wesakhiwo nokusokolisa kwesiphozisi-moya, kungekho moya egumbini. Alikalungiselelwa okwangoku ukufakwa isiphozisi-moya. Kwaye sizame ukuqesha esi sikolo silapha phezulu, sona sineziphozisi-moya, esihlala malunga . . . Owu, andazi; yentle enomthamo wokuhlala, isikolo esihle kakhulu. Kodwa asabi nakufumana nto.

14 Kwaye, bekuyakwenzeka, babeya kusinika kwiveki elandelayo. Kodwa, kwiveki elandelayo? Yabona, kukho abameli abezayo bevela kwiindawo ezahlukeneyo zehlabathi; besuka eJamaica, bevela naseZiqithini, besuka nasemazantsi, nkqu naseMzantsi Melika, naseCanada, naseMexico, nasekunqumleni amazwe. Kwaye sithumele izaziso ngoMvulo, ngoko abasayi kuzifumana kude kube malunga noLwesithathu okanye uLwesine; ukuze ngoko kufuneke bacele ithuba lokungabikho, nokunjalo, nto leyo inokuyilahlela ngaphandle kakhulu.

15 Kwiiveki ezizayo, ukuya phambili, kude kube lixesha lesikolo, kuku, uyakufuneka ukuba uyithathe ubusuku obunye, ukuze mhlawumbi uyeke ubusuku okanye obubini, uze uphinde kwakhona, ngoko . . . Besingenakho nje ukuyenza loo nto. Ubungenakuphumelela.

16 Bendimangalisiwe kutheni, xa bendithandaze ngokunyanisekileyo. Kwaye ngoko kumalunga nexesha lokuba sibuyele e-Arizona kwakhona, ngenxa yabantwana ukuba babuyele esikolweni. Ukuze si . . . Bendithetha nomfazi.

17 Kwaye, ke, izolo ndiye kungena egumbini, ndaze ndathi, “Nkosi, ndi—ndisenokungasebenzisi mazwi maninzi, kodwa, nceda, undive, Thixo, oko ndibhekiselele kuko entliziyweni yam. Kutheni lento izinto zonke zinqanyulwayo malunga nokushunyayelwa kwala Maxilongo?” Waza ke Weza wayityhila. Kwaye ngoku, ngale ntsasa, ndifuna ukuthetha kuni ngesizathu sokuba kutheni.

18 Kwaye ngoku masithi, kwabo banazo iiBhayibhile abanokuthanda uku—uku, tyhila kwiiBhayibhile zethu. Siza kutyhila kuqala kwiLevitikus, isahluko sama-23 seLevitikus.

19 Ukuba iNkosi ithandile, ngobubusuku ndizakushumayela ngomxholo: *Ukuphumela Ngaphandle KweMinquba*. Kwaye uyakuba mfutshane, ukuze nibe nethuba lokubuyela ezindaweni zenu zomsebenzi.

20 Siyavuya ukubona iindwendwe ngaphakathi, abantu abavela ngaphandle kwedolophu. Bangaphi abantu abangabangaphandle-kwe-dolophu abakhoyo apha, ngelixa sisajongileyo? Ngamashumi alithoba anesihlanu ekhulwini, ehe, amashumi alithoba anesibhozo ekhulwini ebandla. Ke, niyabona asiyoJeffersonville, ngabantu abezayo bangene eJeffersonville, abenza . . . Silapha ngobabalo lweNkosi.

21 Kwaye ngoku ndifuna ukufunda iindawo ezintathu, ngale ntsasa. Enye yazo ifumaneka kwiLevitikus isahluko-23, enye iku-Isaya 18, no-Isaya 27, kuni nina baziphawulayo phantsi.

22 Kwaye ngoku endaweni yokushumayela . . . INkosi ithandile, ndizakukwenza oko ngokuhlwanje. Kodwa ndifuna ukufundisa, ngale ntsasa, ngesidlo samaxilongo asixhenxe. Ekubeni, le nyanga iyeyesidlo samaxilongo asixhenxe, iqala . . . kwaye yona leyo iyinyanga yesixhenxe, eyakuthi ke ibe nguJulayi umhla we-15, yayikukuqala kwesidlo samaxilongo, kwimithetho yeLevitikus.

23 Ngoku, ukuba ninawo amaphepha nezinto, nibe ninqwenela ukuzibhala iZibhalo neziqendwana, njalo-njalo, njengokuba siqhubela phambili.

24 Inye into kulo mhlangano, kushushu, kwaye siqhelene noko kwiminyaka. Kodwa omnye usenokucinga ukuba ndiyakholwa ukuba sakungena kwesi sakhiwo siyaliyeka ixesha, mhlawumbi, kwaye ngenxenye, ngenxalenye singena kwinguNaphakade, indlela endibagcina ithuba elide ngayo abantu. Andizimiselanga ukuba kube lolo hlobo. Kodwa ndiyakholwa ukuba siphila kwixesha elisondeleyo ekuBuyeni kukaYesu, kangangokuba kunyanzelekile ukuba ndisebenzise wonke umzuzu endinawo wokufumana abantu bedibene.

25 Kwaye bendicinga, njengoko bendiqhuba ndisihla ngendlela kwithuba elidlulileyo, ndiphumele ukuya kuthandaza kancinane nje phambi kokuba ndingene epulpitini, njengokuba nawuphi na umntu ongumshumayeli onyanisekileyo ngenene esenza. Bendicinga, “Uyazi, sinelona xesha lizukileyo xa sihlangene apha sonke! Kodwa, kwaye abantu behlanganisana besuka kwizizwe ezininzi, behleli apha khona ngoku, bevela kude kakhulu, amakhulu ngamakhulu eemayile, kwaye sihlangene kunye ukuza kudlelane eLizwini. Kodwa kuyakufika ixesha, msinyane, xa yonke lento iyakuba yinkumbulo nje ethandekayo.” Injalo loo nto.

26 La maxesha ayakohluthwa kuthi, ke ngoko simelwe kukwenza konke esikwaziyo ukuba kwenziwa njani na, ukwenza eli, umzuzu ngamnye, ube lulutho. Kwaye cinga ngale nto ngoku, ngeli thuba sibulaleka ebushushwini balentsasa. Kwaye, uyazi, wonke umzimba womntu ungu—umatshini okhupha ubushushu, ngokwawo, kwaye loo nto yenza kube nzima kuni. Kwaye, kodwa ndifuna ukuba nifumane iLizwi.

Ngoku, ngaphambi kokuba nje si—sifunde, masithandaze.

27 Nkosi, ngokuninzi nawuphi na umntu apha onokuzishukumisa izandla zakhe, anganako ukuwatyhila amaphepha ale Bhayibhile. Kodwa Mnye kuphela phakathi kwethu ngale ntsasa onokuyivula Yona; lowo ke ngomkhulu uMoya oyiNgcwele, lowo uphakathi kwethu. Sivulele iLizwi, Nkosi, njengoko sifunda, njengokuba Wenzayo kubafundi, njengoko babehamba endleleni yabo eya e-Emawusi, waza waqalisa ukubacacisela iZibhalo. Kwaye sanga singa, xa simka, singatsho njengabo xa babe buyela eYerusalem bevela e-Emawusi, "Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kuthi ekuthetheni Kwakhe nathi endleleni?" Kuba kuseGameni likaYesu ukucela kwethu oko. Amen.

Masime ngokuhlonipha iLizwi.

28 Ngoku, umxholo wam kusasanje uthi: *Isidlo SaMaxilongo*. Ndifuna ukufunda ngoku kumqolo wama-23 wesahluko sama-23 seLevitikus.

> *Waza uYEHOVA wathetha kuMoses, esithi,*
>
> *Thetha kubantwana bakaSirayeli, uthi, Ngenyanga yesixhenxe,* kwaye *ngolokuqala usuku enyangeni, noba nesabatha, isikhumbuzo sokuvuthela izigodlo,* i*ntlanganiso engcwele.*

29 Ngoku kwiNcwadi ka-Isaya, siqale ngevesi yoku-1 yesahluko se-18, oku kunxibelelanisa oku kunye.

> *Yeha ke ilizwe lenzwinini yamaphiko, eliphesheya* komlambo *waseTopiya:*
>
> *Elithuma izigidimi ngolwandle, na*ngemikhombe yemikhanzi *phezu kwamanzi, ndithi, Hambani, bathunywa banamendu, niye kuhlanga oluchithachithiweyo . . . oluhlutyiweyo,* ku*bantu aboyikekayo . . . kuhlanga* oluthambileyo *nolu*nyhashwe *phantsi, olizwe lonakaliswe* yimilambo*!*
>
> Nani *nonke bemi belimiweyo, nani bahleli ehlabathini, khangelani, xa athe* wenyusa *ibhanile* entabeni*; kwaye xa athe wavuthela isigodlo, yivani.*

30 Ku-Isaya 27:12 ne-13.

Kuyakuthi ngaloo mini, abhulise uYEHOVA athabathele emsingeni *womlambo ase esihlanjeni saseYiphutha, kwaye niyakuhlanganiswa ngamnye ngamnye, Owu nina bantwana bakaSirayeli.*

Kuyakuthi ngaloo mini, kuvuthelwe isigodlo esikhulu, ukuze nize nina *babelungele ukutshabalala kumhlaba wama-Asiriya, nani enanigxothelwe ezweni lamaYiphutha, kwaye niyakunqula kuYEHOVA entabeni engcwele eYerusalem.*

31 Masithandazeni kwakhona. Nkosi, sikelela la Mazwi ezintliziyweni zethu. Zanga iingcinga zethu nokucamanga kwethu kungangokokuyalela Kwakho. EGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

32 Zininzi kakhulu izinto anokuthi umlungiseleli athande ukuzithetha kwibandla lakhe alithandayo, labantu abahlukeneyo abasuka kwiindawo ezahlukeneyo, ezingenakuvumeleka ngenxa yexesha.

33 Ngoku njengokuba sisondela kwesi sihloko, sifuna ukuba nizive nikhululekile. Yaye abaninzi benu bamile; kwaye njengokuba bendisiza, amaholo ebezele, nangaphandle kweengcango, nangaphambili, nokujikeleza isakhiwo, nokujikeleza iindonga. Ke, ngoku, ukuba nifuna ukutshintshiselana ngezihlalo nomnye umntu, iyakuba ilungile loo nto.

34 Ngoku, *Isidlo SaMaxilongo*. Ngoku, oku yayikukuhlanganiswa kukaSirayeli, apho babehlanganiswa kunye, isidlo samaxilongo.

35 Ngoku, bendilangazelela okwethuba elide u—ukuthetha ngesihloko saMaxilongo aSixhenxe kwiNcwadi yeZityhilelo. Kwaye ngoku sizakuyihlolisisa lento, okwethutyana nje, ukuze sivelise eyona mbangi yokuba ndingathethi ngeli xesha, ngokuba uMoya oyiNgcwele ubungandivumeli ndithethe ngeli xesha ngezi zinto. Ndiyazi ukuba loo nto ivakala njengenobundlavini, mhlawumbi, kubantu abafunde kakhulu nabaqondayo, kodwa kuMkristu yahlukile. Si—silandela ukukhokela koMoya, kona kodwa.

36 Ngoku, ndaqala ukuqaphela ekushunyayelweni kweZigaba eziSixhenxe zeBandla, ezingu—ngumfuziselo, okanye ukuxela kwangaphambili kwayo yonke into uThixo awayeza kuyenzela amabandla, nangamabandla, nokuwabeka ngokwendawo zawo.

37 Izahluko ezintathu zokuqala zeNcwadi yeZityhilelo zityhila konke okwenzeke kwiBandla. Ngoko, ukusuka kwisahluko sesi-3 ukuya kwisahluko se-19 seSityhilelo, akusekho kubonakala kwaBandla. IBandla linyuka kwisahluko se-4 seZityhilelo, lize libuye kwisahluko se-19

seZityhilelo, uMtshakazi noMyeni, bekunye, besiza emhlabeni. Ukuze ukusuka kwisahluko se-19 ukuya ekuqukumbeleni kwesahluko sama-22, iyonke loo nto yiMillennium [Iwaka leminyaka yolonwabo.—Mguq.] noko kuyakwenzeka kwiminyaka eyakulandela yona. Ngese-4 ukuya kwese-19, uThixo usebenza ngoSirayeli.

38 Ngoku, ngoko, xa sigqibile ngencwadi yesityhilelo sebandla, loo nto uThixo wayenzayo kuloo mabandla asixhenxe, awayesekubusana bawo ngoko, okanye kwisithunzi sawo, e-Asia Minor. Ngoko uMoya oyiNgcwele watyhila waze wasivulela zonke iimfihlakalo eziLapho, zokuba Walizisa njani na iBandla Lakhe kwezembali. Kwaye ukuba awunazo *IZigaba EziSixhenxe ZeBandla* eteyiphini, kungangcono ukuba ungaziphulaphula. Kwaye kwamsinya ziyakube zikwisimo sencwadi.

39 Ngoko ke siyishiya kuloo ndawo, siqikelela ukuba emva kwethutyana siyakushumayela ngaMatywina, singazi ukuba aMatywina ayeyintoni na.

40 Ndandinayo imbono eyeyam, njengokuba wonke umlungiseleli esenza, ngokufunda mhlawumbi oko kwathethwa yenye indoda; nokukholwa kangangoko kwakunokwenzeka, kunye nawo, kwizinto ababezizobile, izigqibo zabo. Ndandiyifundile incwadi kaMnu. Smith, u-Uriah Smith, ongumfundisi wobu-Adventist, kwaye ndandifunde ezakhe—ezakhe iingcinga ngaloo nto. Ndaye ndandimfundile uMnu. Larkin. Ndandifunde, owu, abaninzi abahlukeneyo, ngokuhlomla kwabo ngale Nto. Kodwa, ngandlela ithile okanye enye, ndacinga ukuba ndandino—nofifi oluncinane ngayo, ngokwam, olwalunokwenza kwahluke kwezinye iindawo. Kodwa ekuzameni ngaxesha lithile, ndithetha nje iingongoma ezintathu, eyokuqala . . . okanye ingongoma ezine zabakhweli bamahashe abane. Ndashumayela ngazo ubusuku obune, bubunye kwihashe elinye, nakwelinye.

41 Kodwa ngoko phambi kokuba nje kwenzeke, ndanikwa umbono, lowo useteyiphini, njengokuba nisazi nonke, *Bahlekazi, Kuxesha Nini Na? w*okuba kwakufanele ndiye eTucson, e-Arizona. Kwaye apho kwicala langasemva kwentlango, phezulu entabeni, apho ndandikunye nabazalwana abathile, ndaze ndabaxelela malunga nokudubula okukhulu okwakuya kugqabhuka, ndaze nda . . . iiNgelosi ezisixhenxe zehla. Mna ndicinga, okwam, yayisisiphelo sobomi bam; ndaxelela umfazi wam ukuba aye kulanda uBilly, nento emakayenze ngabantwana, nokunjalo, side sihlangane kwakhona kwelinye icala.

42 Ngoko ngenye imini kuMwonyo iSabino, xa uThixo wandibizayo ekuseni ngentsasa phezulu phaya, ndandilapho phezulu izandla zisemoyeni, ndithandaza, kwaze kwangena ikrele esandleni sam. Niyayazi loo nto. Ndema apho

ndalijonga, lililo ngenene njengokuba sinjalo isandla sam ngoku, ndingazi ukuba yayithetha ntoni. Laze landishiya neLizwi elathi, “Eli liKrele likaKumkani.” Kwaze ke, kamva, xa iNgelosi yeNkosi yayityhila, yaYi liLizwi lisesandleni.

43 Kwakamsinya emva koko, iiNgelosi zeNkosi zavela zaxela malunga naMaxilongo aSixhenxe . . . okanye aMatywina aSixhenxe, ukuba ndandifanele ukubuyela apha eJeffersonville ukuza kushumayela aMatywina aSixhenxe. Kwaye, apho, ukuba ndakhe ndathetha nantoni na ephefumlelweyo, kwakuku loo nto. Apho khona iNgelosi yeNkosi yahlangana nathi, yaze iBhayibhile yayiBhayibhile entsha. Apho Yavula yaza yatyhila zonke izinto abathe abahlaziyi nezinto bazishiyelela. Yayisisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu, iyonke intsha kuthi, kodwa ngokugqibelele ngqo ikunye neSibhalo. YayiliLizwi elo lona lalihleli lihleli. Ndandiphefumlelwe kakhulu kwaye ndikhokelelwa.

44 Ngoko xa ndathi ndakufika kule ndawo apha, yokushumayela aMaxilongo aSixhenxe, ndacinga, “Kulungile, andizukuzama ukucinga nantoni na. Ndiyakulinda nje kude kube lelo xesha ndiyekele ukuba Ayityhile loo nto kum.” Kwaye ngoko izolo xa bendi . . . Ndiye ndangena egumbini ndimangalisiwe ukuba kutheni na . . . Okanye, uxolo, bekuyizolo elinye. Xa ndathi ndaya egumbini, ukuze ndizame ukuqonda, kulapho ke apho uMoya oyiNgcwele athe watyhila lento, ukuze andibonise isizathu sokuba bekungenakuba luncedo nkqu kwiBandla ngeli xesha, kuba ayinanto yakwenza neBandla, konke.

45 Ngoku, iimfihlakalo ezifihliweyo zikaKristu zatyhilwa ngokupheleleyo kuMatywina aSixhenxe.

46 Yatyhila, kuqala, iZigaba zamaBandla asiSixhenxe, yavula izigaba yazibeka ngokwendawo zazo, kokubini kwezembali nangokweBhayibhile, yaza yazibeka ngokwendawo, indlela ezaziyiyo. Kwaye sazifumana sikwisigaba sokugqibela, esisiSigaba seBandla laseLawodike, esasisesona sigaba sonakeleyo kuzo zonke izigaba zebandla. Nkqu ukususela kwesokuqala kanye, ukususela e-Efese, yayisisigaba esikhulu sebandla.

47 Kwaye ngoko indlela, apha, uMoya oyiNgcwele undinika umbono, ndibona ukuba kuyakwenzeka ntoni na, ndazoba ebhodini, kwiminyaka emibini eyadlulayo. Nantsi apha phezulu kuloo mzobo, ukuba okwakuKhanya kwakunyamalala njani ukumka emhlabeni, ekuyindlela kanye ekuyakuthi ngayo ukuKhanya kufike ngako emhlabeni, njengeVangeli, nendlela Okuya kunyamalala ngaphakathi nangaphandle. Ndingayazi loo nto, ngelo xesha, ukuba yayithetha ukuthini na nokuba iyakuba yintoni.

48 Kodwa ihlabathi elikhulu leenkozo laline—nentlanganiso neRoma; kwaye iRoma, engunina wayo yonke imibutho. Upope, okokuqala ezimbalini, wayishiya iVatican waya eJerusalem nakwiindawo ezininzi. Ngoku, iJerusalem sisihlalo sakudala salo lonke unqulo lwethu, yiJerusalem. Kwaye kwesi sikhundla sakudala, upope ovela eRoma, ebihleli ilelona tshaba lukhulu lweBandla ngamaxesha onke, uyayishiya ukuwelela aye kutyelela iRoma . . . okanye ukusuka eRoma ukuya ePalestina, eJerusalem.

49 Kwaye njengokuba sibona, ndingongafundanga, ngokwam, ndingawazi a—amagama nendlela yokuwathetha, ndihlala ndifundisa ngemizekeliso, ngemifuziselo yendalo. Indalo iyakulandela indalo. Indalo yekaThixo.

50 Xa unexesha xa iinkomo, phaya edlelweni, zonke zihlanganisana ndaweninye kwicala ledlelo, yikhuphe emanzini intambo yakho yokuloba; iintlanzi azisayi kudla. Awunakuze uzibambe; yabona, iinkomo ziphumle; ngaphandle kokuba kungenzeka ube uyifake ezantsi kanye kwindawo elele kuyo enye. Kodwa xa iinkomo zisiya kudla, qaphela. Kwangelo xesha linye iinkomo zisenza loo nto, iintaka ziyesuka ziye emithini; ziyayeka ukudla. Yabona, yindalo. Iyonke iyanxibelelana. Ungakhe uqaphele iinyosi, ngelo xesha, zibhubhuzela phezu kobusi bazo, azibuhlanganisi. Yonke indalo isebenza kunye.

51 Kwaye ngoko ke, njengokuba sibona umthi uwisa igqabi, kwakufutshane nje ngoku, kwiinyanga ezimbalwa ezizayo, igqabi liyakuwushiya umthi. Buze u—ubomi, incindi, ihle iye kungena engcanjini. Kwaye igqabi lomthi liyakuwa kuwo liwele emhlabeni libole. Ize icalcium kunye—kunye nepotash, kwaye ikwigqabi lomthi, iyakubola emhlabeni. Kuze kwenzeke ntoni ke? Ubomi buyawandulela ngaphambili, ukuze bubufunxe bubuyele nkqo kuwo, uphinde uvelise elaa gqabi kwakhona. Kukufa, ukungcwatywa, novuko.

52 Yaye yonke indalo! Kwaye nenyanga ingu—ingumfazi welanga. Isisikhanyiso esingeneno. Kwaye ngoko, kananjalo, kuba xa ilanga litshonile, ekungabikhweni kwelanga, inyanga itsala ukukhanya ikuthumele emhlabeni, loo nto ingumfuziselo webandla. Kwaye xa upope eshiya, utshaba lwakudala lwebandla, eze ngaphaya eJerusalem, yona isisikhundla sebandla; nto leyo, iJerusalem entsha neJerusalem endala; siyaqaphela, ngaphambi kokuba kwenzeke oko, kwabakho ubumnyama obupheleleyo benyanga.

53 Yaye kumaphepha, ngokunqumleze isizwe njengokuba sinayo ebhodini, kubonakaliswa indlela ethe ngayo la nyanga yajika ekukhanyeni yabubumnyama. Kwa eso simanga saloo nto, yokuba laa nyanga izobe ngokuchanekileyo, ezibhaka-bhakeni, kwaloo nto inye uMoya oyiNgcwele wandenza ukuba ndiyizobe apha kwiminyaka emibini

edlulileyo, kwaye ibonisa i . . . iquka i . . . Xa yaba yimifanekiso emithandathu, ndafaka owesixhenxe phaya, ngokuba isigaba sebandla lesixhenxe, yayisisithunzi nje sokuKhanya, ukumka kwe . . . Kulapho uYesu, wayesemnyango, enkqonkqoza. Kodwa iya kubumnyama obupheleleyo.

54 Kwaye sisibonakaliso esinjani, onjani Myalezo ovela kuThixo Ngokwakhe, yokuba ezi zinto ziyiNyaniso! Zingqinwe kuqala eLizwini Lakhe, zalandela ngoMoya eqongeni, zaze zadandalaziswa emazulwini. Akukho mpazamo ngaloo nto konke. Loo Matywina nezo Zigaba zisemgceni ngokugqibeleleyo, ngokugqibeleleyo, uThixo unika ubungqina ngemiqondiso engaphezu kwendalo nemimangaliso, ngeLizwi nembali, yonke ihlanganisiwe, kwisigaba esiphila kuso ngoku.

55 Ngoku kunzima kumabandla ukuyibona lento. Kunzima kumahlelo ukuyibona. Ahlala ezama ukucinga ukuba uzama ukungxolisa abantu. Awenzi njalo; uzama ukubalumkisa abantu. Asikokuzama ukuba mbi kubo; uzama ukubasusa ebubini. Ayingabo bantu bakwimibutho; yinkqubo le bakuyo, ebagwebayo. Bathembekileyo, abanyanisekileyo abantu bangamaKatolika, amaProtestanti, abobuJuda, nezinye. Ngabantu abaphilayo aba—aba . . .

56 Oonongendi abayi kwisikolo sokuba ngoonongendi ukuze babe ngabafazi abangalunganga; baya apho ukuze babe ngabafazi abalungileyo. Bazama ukusondela ngakumbi kuThixo, kodwa yinkqubo le ibangcolisayo. Abantu bazimanya necawa, hayi ukuba babe ngabantu abangalunganga, koko ukuze babe ngabantu abalungileyo. Kodwa yinkqubo yebandla le ibakhupha eLizwini nakwimiqathango awathi uThixo wayibekela lo mhla; kwaye yiloo nto ke ebakhuphayo.

57 Ngoku khumbula, uThixo uliLizwi, kwaye isigaba ngasinye Wasabela iLizwi lesigaba ngasinye esiyakubakho emhlabeni. Walabela Lona kwisigaba sebandla, yaye aMatywina aSixhenxe atyhila lonke isuntswana Lalo. Yabona?

58 Kwakutheni apho . . . kwakukho iimfihlakalo ezazisafihliwe? IZityhilelo 10, siyakufumanisa, ekupheleni koMyalezo wesithunywa sesixhenxe, ukuba, ezi mfihlakalo ezazifihliwe ziyakutyhilwa, iZityhilelo 10:1 ukuya kwi-7. Qaphela, isizathu kungokuba akubangakho baprofeti ngesi sigaba. IBhayibhile itshilo, ukuthi, “UThixo akenzi nto engathanga Ayityhile kubaprofeti Bakhe, abakhonzi Bakhe, abaprofeti.” Yaye iLizwi leNkosi kuzo zonke izigaba lahlala lisiza kubaprofeti, alizange lize kwinkqubo, lingazange liye kwiqela.

59 Akazange uThixo asebenzise iqela. Lonke ixesha naliphi na iqela labantu lizenza umbutho, uThixo walishiya waza akaphinde abuye. Phengulula imbali ubone ukuba loo nto

ilungile na okanye hayi. Sesiyenzile loo nto. Akakhe Asebenze ngankqubo okanye iqela, emva kokuba bezenze umbutho; ichasene noThixo.

60 Ngoko ke, ngexesha lohlaziyo, nako kungena abahlaziyi, njengokuba aMatywina aSixhenxe aqondakalisayo ukuba kwakunjalo. Kodwa ngemihla yokugqibela ngoku, yayimelwe ukuba ityhilwe kwakhona. Ngokuba, sifumanisa eSibhalweni, kuMalaki 4, ukuba kuyakubakho intambiso eyakuhla ize ibuyisele kwakhona olo Kholo lwakuqala, "nokubuyisela ukholo lwabantu emva kwipentekoste yasekuqalekeni, uKholo looyise."

61 Yaye sithathe u-Eliya wogqatso lokuqala; sathabatha u-Elisha ukumlandela; sathabatha uYohane umBhaptizi emva koko, owayengu-Elisha waloo mhla; nesithembiso somnye ngaloo mhla.

62 Ngoku, uYohane umBhaptizi wayengengo-Elisha kaMalaki 4. Wayengu-Elisha kaMalaki 3. UYesu watsho njalo. "Yabonani, Ndithuma uMthunywa Wam phambi kobuso Bam, ukuze alungise indlela." Sifumanisa eyiloo nto.

63 Ngoku, ekwenzeni njalo, ekufumaneni ezondawo, siyazi ukuba iSibhalo sisonke, siphefumlelwe nguThixo, sisityhilelela ukuba sikumhla wokugqibela.

64 Ngoku, ukuba ndiza nomyalezo wePentekoste, ndiyakuba ndikwiSigaba seBandla laseLawodike, yaye loo nto ayinakuba yechanekileyo.

65 Sesosizathu sokuba uWesley abe wayengenakuthabatha umyalezo kaLuther. ULuther wayekwesinye isigaba, isigaba sebandla, noWesley wayekwesinye isigaba sebandla. Ukuba uYesu wayenokuza kwisi . . . nomyalezo kaMoses, ngewawungazange usebenze. Ukuba uMoses wayenokuza nomyalezo kaNowa, ngewawungazanga usebenze.

66 Kodwa uThixo wabele Abakhe—Abakhe—Abakhe abantu, kwisigaba ngasinye, iSibhalo. Kwaye phambi kokuba isigaba sibe singakhona, kwixesha, ngoko amabandla ayixubanise kakhulu ade a—akazi ukuba aphi.

67 Naso isizathu sokuba babe nokusilela ukumqaphela uYesu ekubeni nguNyana kaThixo. Bona, izithethe zabo ziwamfamekisile amehlo abo, kodwa ngokuchanekileyo Wayekunye neSibhalo.

68 Abaprofeti babekwayiloo nto. UYesu wathi, "Ngubani kuni, kooyihlo, angazange abaxulube abaprofeti abathunyelwa kuni?" Ngoko uThixo uthumela abaprofeti Bakhe, ku . . . yaye umprofeti liLizwi likaThixo eliphilayo, libonakalisiwe.

69 UYesu wathi, "Ningathini ukuNdigweba, ngokuthi, 'NdinguNyana kaThixo,' nibe nibabiza, emithethweni yenu . . . Nithe, kwabo iLizwi leNkosi leza kubo," ababengabaprofeti, "nababiza ngokuba 'ngoothixo.' Yaye bangabo, kuba

iZibhalo azinakwaphulwa," Wathi. "Ngoko ningandigweba njani Mna?" Ngeli thuba Anguye . . . Babeyinxalenye yomthetho, babeyinxalenye yeLizwi likaThixo, kodwa uYesu wayeyinzaliseko yeLizwi likaThixo. Icebo lakhe lonke lentlangulo, ukwanela kukaThixo kukonke, kwaku kuYe.

70 Kwaye ngoku, ngezigaba zebandla, benze kwaloo nto. Kwaye aMatywina aSixhenxe ngawokutyhila zonke iimfihlakalo ezazishiyelelwe ngelo xesha, ngokuba sasingenabaprofeti, libe iLizwi lingezi kubahlaziyi. Abaprofeti!

71 UThixo akanakuguquka. KuMalaki 3, uthe, "NdinguThixo, kwaye Andiguquki." Indlela yokuqala kaThixo yokwenza nantoni na, yindlela ayakuhlala eyenza ngayo nantoni na uThixo. UThixo wagqiba ekubeni Uyakumsindisa umntu ngeGazi eliphalaziweyo Longenatyala, emyezweni wase-Eden, kwaye Engazange ayiguqule sukela ngoko, enganakuze ayiguqule. Sizamile, ngemfundo, ngezakhiwo, ngeenkqubo, ngamahlelo, ngemikhwa esesikweni, nangayo yonke enye into, kwaye iyonke loo nto yahlulekile. Kodwa inye kuphela indawo uThixo ahlangana kuyo nomntu, leyo ke, kuphantsi kweGazi elaphalazwayo loNgenatyala. KungeGazi kuphela! Yayisisigqibo Sakhe sokuqala eso. Yabona?

72 Singasenza isigqibo, size kunyaka olandelayo sicinge ngcono. Sinoluvo olungcono layo, kunyaka olandelayo. UThixo akangekhe; Ungongenasiphelo. Isigqibo Sakhe sokuqala sigqibelele; akukho nto inokusishukumisa. Ndinokufunda ngokuthe chatha; thina sinesiphelo. Ndinokufunda ngokuthe chatha; ungakufunda ngokuthe chatha. Kodwa uThixo akanakufunda ngokuthe chatha; Ugqibelele, indawo yokuqala. Kwaye, ngoko ke, isigqibo Sakhe sokuqala, phumlisa umphefumlo wakho phezu kwaso. Oko kuthethwa yiBhayibhile, kuyiloo nto!

73 UThixo umelwe kukuligweba ihlabathi ngenye imini. Yaye amaKatolika athi Uyakuligweba ngebandla lobuKatolika. Ukuba oko kunjalo, eliphi ibandla lobuKatolika? Ahlukene, elinye kwelinye. Ukuba umelwe kukuligweba ngobuProtestanti, eliphi ibandla lobuProtestanti? Ahlukene, elinye kwelinye. Yaye ingabhidisa kancinci; akukho unokwazi ukuba makeme phi na. Ukuba ubuWisile bulungile, ubuBhaptizi bulahlekile. Ukuba obobuProtestanti bulungile, obobuKatolika bulahlekile; obobuKatolika bulungile, obobuProtestanti bulahlekile.

74 Kodwa iBhayibhile itshilo ukuba Uyakuligweba ihlabathi ngoYesu Kristu, kwaye Yena uliLizwi. Ngoko, Uyakuligweba ngeLizwi.

75 Kwaye onke amahlelo aphuma ecaleni kwela Lizwi, ukuya kwenza imigaqo yawo. Ndibuza nje nabani na ukuba

andiqondise ukuba kuphi na apho bathatha iLizwi liphelele khona. Abanakuyenza loo nto, ngokuba ilawulwa yinkqubo yomntu. Apho ufumana umntu . . .

76 UThixo akazange asebenze kungengamntu mnye ngexesha. Akazange abenabo nabaprofeti ababini ngexesha elinye. Mnye! UThixo unokuthabathela esandleni Sakhe indoda ibenye. Akasebenzi ngawe . . . ngombutho wakho; Usebenza ngawe.

77 Ngoku, phezu kwezo ziseko, sizakungena kwisidlo samaxilongo, iimfihlakalo ezifihliweyo. Iprofetiwe ukuba iyakuba lolo hlobo, ngoko ke imelwe ukutyhilwa ngaloo ndlela yayiyiyo. Kodwa ityhilwe ngalo mhla wokugqibela, ukuzalisekisa ngokuchanekileyo oko ndisandula ukuthetha, uMalaki isahluki se-4, uLuka isahluko se-17 kunye ne—nevesi yama-30, indlela Ayakuyenza ngayo, nakumaHebhere 13:8, amaHebhere 4:12, nezininzi zezo Zibhalo zisixelelayo. Ngoku, ukuba loo nto ayiqhelekanga kubanye benu, ndingatsho ukuthi uThixo uhlala . . . Indlela aziwa ngayo uThixo phakathi kwabantu kungokuba engowesiprofeto.

78 AmaJuda ayehleli esaziwa ngokukholelwa kubaprofeti bawo. Wathi, "Ukuba kukho othile phakathi kwenu, Mna Nkosi ndiyakuthetha naye ngamaphupha kamoya nangemibono. Kwaye, into ayithethileyo iyenzeka, ngoko mveni yena." Babesoloko . . .

79 Nantso indlela abasilela ngayo ukumqaphela uYesu, baze bamcalula Yena eyenye into, ngoko bamenza Yena umoya ongcolileyo, "uBhelezabhubhe," ngokuba Wayekwazi ukucalula iingcingane ezazisezintliziyweni zabo. Sisoloko sisazi ukuba lowo ngumqondiso weLizwi.

80 AmaHebhere isahluko se-4, umqolo we-12, uthe, "ILizwi likaThixo libukhali kunekrele elintlangothi-mbini, lingumcaluli weengcingane neenjongo zentliziyo."

81 "Xa athe Yena uMoya oyiNgcwele wehla phezu kwenu, Uyakunikhumbuza ngezi zinto eNdizithethileyo, anibonise nezinto ezizayo."

82 "UThixo ngamaxesha amaninzi, ngeendlela ezahlukeyo," amaHebhere 1, "wayethethile koobawo ngabo abaprofeti, ngale mihla yokugqibela ngoNyana Wakhe, uYesu Kristu." Kwa uThixo omnye, uguquke nje ukusuka kubaprofeti ukuya kuNyana. Kuphelele apho. Yabona? Uhleli enguMyalezo omnye, indlela enye yokuwenza.

83 Ngoku, kuprofetiwe ukuba amabandla ayakuba kule meko, ayemelwe kukuba abuyiselwe emva kwakhona. Kwaye Wathi, kuMalaki 4, ukuba Uya "kuthumela u-Eliya umprofeti, aze abuyisele a—abantu emva kwakhona," kunye ne . . . alibuyisele. Qaphela. Kwaye nje phambi . . . Okanye, kanye emva koMyalezo wakhe, kuyakubakho ixesha apho liyakutsha khona ihlabathi, aze amalungisa ahambe phezu kothuthu.

84 Ngoku, kwisifundiswa sezakwalizwi esinokuba siphulaphule le teyiphu, kwindawo ethile ehlabathini jikelele, ukuba ucinga ukuba lowo yayinguYohane, khumbula, ngoko, iZibhalo ziphosisile, kuba ihlabathi alizange litshe emva komnyalezo kaYohane. UYesu akazange eze kuthabatha abantu abangenise kwiMillennium; kodwa Uthembise ukwenza loo nto emva kokuba uMoya ka-Eliya uhlile phezu komhlaba kwakhona.

85 Qaphela ngoku kuMalaki 4, sibona apha ukuba oku kumelwe kwenziwe ukubuyisela (ntoni?) ukholo lwabantu emva kooyise bakuqala, iMfundiso yobupentekoste, oobawo bakuqala. Yaye uyakubuyisela abantu emva kooyise.

86 Sifumanisa kuLuka 17, uYesu wathi xa Ezayo ngale mihla yokugqibela, uLuka 17:33, sifumanisa ukuba uYesu wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu, xa uNyana womntu etyhileka."

87 Qaphela ngoku, Uza egameni loonyana abathathu. Uza egameni loNyana kaDavide . . . Okanye, uNyana womntu, uNyana kaThixo, uNyana kaDavide.

88 Ngoku, Umelwe kukuza njengoNyana womntu, ngokuba WayenguMprofeti. UYehova, ngoKwakhe, wababiza abaprofeti, "nyana womntu." Kwaye uYesu akazange abhekiselele kwisiqu Sakhe njengoNyana kaThixo. Wabhekiselela kuYe, okokoko, njengoNyana womntu. Kwaye qaphela, Wazityhila Yena ngoko njengoMprofeti, iMboni. Wathi, "Ukuba Andiyenzi imisebenzi kaBawo Wam, ngoko musani ukukholwa yiloo nto." Wazalisekisa yonke inkcazelo eyathethwayo ngaYe eSibhalweni, nkqu ekufeni Kwakhe, ukungcwatywa, uvuko; ukubethelelwa Kwakhe, ukuzalwa Kwakhe, konke. Yaye kumsebenzi Wakhe, Wazalisekisa inkcazelo yokuba yiMboni, uNyana womntu.

89 Ngoku Ube etyhilwe kwizigaba zebandla, ngoku khangela, kuzo izigaba zebandla, njengoNyana kaThixo. UThixo enguMoya, uMoya oyiNgcwele, UZityhile kwizigaba zebandla njengo, ebandleni, njengoMoya oyiNgcwele phakathi kwabantu.

90 Siyafumanisa, kwiSigaba seBandla laseLawodike, isigaba sokugqibela sebandla, Ukhutshelwe ngaphandle kwebandla. Akukho ndawo yimbi awakhe Wakhutshelwa ngaphandle kuyo, nakwisiphi na isigaba, koko kukwiSigaba saseLawodike. "Ngokuba, bathe, 'Sizizityebi kwaye asiswele nto.' Kwaye ungazi ukuba ulusizana, ulihlwempu, uhamba ze, kwaye uyimfama, ube ungayazi loo nto." Wakhutshelwa ngaphandle kwesigaba sebandla.

91 Ke ngoko, ngokukaLuka 17, Wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakuba njalo ekuzeni

koNyana womntu." Ngoku, Wayefunda kwale Genesis inye siyifundayo. Qaphela, eSodom, kwenzeka ntoni na. Kwakuyintoni eSodom? U-Abraham . . .

92 Kusoloko kukho iindidi ezintathu zabantu. Kwakukho u-Abraham, abanyuliweyo nababiziweyo bakhutshwa, ngaphandle kweSodom ngokwayo. Kwakukho uLote, ilungu lecawa, okanye indoda yehlelo, ezantsi; wabayinxalenye yela lizwe, ngokuba ngusodolophu wesixeko, ehleli esangweni; wayengumgwebi, engusodolophu. Kwaye nantso iSodom, ngokwayo.

93 Ngoku, ngexa langokuhlwa, okanye emini emaqanda, xa u-Abraham wayephantsi kom-oki wakhe, iiNgelosi ezintathu zabonakala kuye. Ezimbini kuzo zehla zaya eSodom, zaza zashumayela iVangeli kwaye zazama ukubabizela ngaphandle. Babengenakuyenza loo nto; babegqwethekile. ULote, kunye nomfazi wakhe, kuphela, kunye nezimbini zeentombi zakhe, zaqalisa zaphuma. Waze umfazi wajika waba yintsika yetyuwa.

94 Kodwa Lowo wahlalayo wathetha no-Abraham, lowo u-Abraham wambiza, "Elohim, uSomandla." Genesis 1, "uThixo! Ekuqalekeni, uThixo," u-Elohim, oku—okuko Konke ukwanela, Oziphilelayo. U-Abraham wambiza Yena, "Elohim." Kwaye Wahlala phantsi watya kunye no-Abraham; Wasela; Wayesenyameni yomntu. Kwaye qaphela umqondiso Awawunika u-Abraham.

95 Ngoku, babejonge unyana ozayo, unyana wesithembiso, u-Isake. Amashumi amabini anesihlanu eminyaka, kuhambo olude, babejonge yona, kodwa babesesiphelweni sohambo. UThixo wayebonakele ngendlela ezininzi, njengoko enze njalo kwizigaba zebandla, ngeZikhanyiso, nangokunjalo, njengoko Wathetha ku-Abraham, nangamazwi. Kodwa nje phambi kokuba unyana ozayo afike . . . Ngoku sesigqithile kuyo, kwaye uyazi ukuba ndiyayiphinda nje, ukufaka oku kuni. Ukuba, Waguqula umzimba ka-Abraham noSara, kwamsinya emva koku, ukuze babenokwamkela unyana.

96 Qaphela, umqondiso wokugqibela abawufumanayo, phambi kokuba unyana afike, yayinguYehova ethetha nabo ekwimo yomntu. Kwaye bazi njani ukuba lo yayinguYehova, ngokuba Wathi, "Abraham," hayi Abram. Nje iintsuku ezimbalwa ngaphambili, uThixo wayeliguqule igama lakhe. "Uphi umfazi wakho, uSarah?" Hayi S-a-r-r-a; kodwa *uSarah*, "ikumkanikazi."

Kwaye u-Abraham wathi, "Usententeni, ngasemva Kwakho."

97 Waze wathi, "Ndi," isimelabizo somntu, "Ndiyakukutyelela ngokwesithembiso Sam. Ngexesha lobomi, kwiintsuku ezimashumi mabini anesibhozo ezilandelayo, okuthile kuzakwenzeka kuSarah."

98 Kwaye uSarah, ententeni, wancuma ngaphakathi kwakhe, waza wathi entliziyweni yakhe, "Kungenzeka njani oku, khangela ndaluphele; ndize ndibenokuzonwabisa nenkosi yam, nayo seyaluphele, u-Abraham?"

99 Yaze iNgelosi, okanye iNdoda, yathi, "Kutheni uSarah esithi nje entliziyweni yakhe?" Ententeni ngasemva Kwakhe! "Kutheni lento esithi azinakwenzeka ezi zinto?" Yabona? INdoda kwinyama yomntu, njengomprofeti, noko Yayingu Elohim ecalula ingcinga eyayisentliziyweni kaSarah, emva Kwakhe.

100 Kwaye uYesu wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLote, kuyakubanjalo ekuzeni kokuphela kwehlabathi, xa uNyana womntu," hayi uNyana kaThixo, "xa uNyana womntu etyhila."

101 Asibanga nayo kuso isigaba. Yabona lo nkqubekeka igqibeleleyo yeSibhalo? Apha siphila kuyo. Iimfihlakalo: nazo kanye ezobhaptizo eGameni leNkosi uYesu, kwaye kude kuluvo loBunye; nezinye zezi zinto, indlela uMoya oyiNgcwele akuzise ngayo oko waze wakubonisa ngokugqibeleleyo; kunye nolunyanisekileyo uBhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, uMqondiso, nayo yonke into, kwaye wayibeka; kwaye indlela Ambeke ngayo nawuphi na umhlaziyi nayo yonke into, ngokuchanekileyo. Kwaye, yabona, kanye phambi kwamehlo ethu, kwaye ayikho secaleni. Yaziwa lilizwe lonke. UYesu, uNyana kaThixo, eZityhila ngeZibhalo, esenza esaSibhalo esasanyulelwe kulo mhla ngexa elingaphambili, njengokuba besinjalo kulowa mhla nakuyo yonke eminye imihla, siphile. Kwaye, ukulikholelwa Lona, bubungqina bukaMoya oyiNgcwele.

102 Ubulungisa, akunakububiza oko nje "ngokuya ecaweni" bubungqina bukaMoya oyiNgcwele. Ukuba uyayenza, ngoko bona aBafarasi babeNabo. Yabona? Akunakukubiza "ukushukuma okanye ukuxhuma" ngokuba bu. . . Ukuba uyayenza, abahedeni babeNabo. Ukuba uthi "ukuthetha ngeelwimi," intoni—intoni unqulo lwedemoni aluthethi ngeelwimi? Ndixelele lube lunye.

UMzalwana uJackson ehleli apha we-Afrika, usuka e-Afrika, angakuxelela oko. Ndibe ndikwiinkampu zama-Indiya apha, ndibona amagqwirha nabathakathi bezisika, bagalele igazi labo, bathethe ngeelwimi; lize—lize igqirha liyitolike, kwaye ndibabone bebeka phantsi ipensile ize ibhale ngezingaziwayo iilwimi. Ngoko asiyiyo Lonto. Kodwa ukuba i. . .

103 Yintoni ubungqina obunyanisileyo? UYesu wathi, "Ukuba nikholwe ukuba NdiNguye." Kwaye UliLizwi.

104 Kutheni bangazange bayifumane Yona? Kutheni amaJuda angazanga ayifumane Yona? Babengamalungisa abantu; babengabantu abalungileyo; babengabantu abangcwele, kwaye kwakukho iindidi ngedindi zonke zabantu; kodwa, kulowo unyulelwe kwangexa elingaphambili ukuliva iLizwi!

105 “Kwaye wazi njani ukuba liLizwi? Wonke ngamnye utsho le.”

106 Sisithembiso seBhayibhile singqinelwa seso sigaba, nako ke, uze ubuyele emva apho uMoya oyiNgcwele ukhoyo. Qaphela isandi seXilongo kwimizuzu embalwa, Sichaza ntoni. IXilongo, iXilongo leVangeli, bona ukuba ngubani ongaliva Lona. Khumbula, abo babekwizixeko ezirhangqwe ngeendonga babengenakuphumela ngaphandle baye kwisikhumbuzo. Hayi, mhlekazi. Babesezindongeni; babehlala apho. Kwakuphelile; babengamakhoboka ubomi babo bonke, kwaye kwafuneka baphawulwe. Ngoku njengokuba sibona yonke lemifuziselo, qaphela.

107 Ngoku, ezi zenzo, Malaki 4, nako konke oku, nama Hebhere 13:8, “UYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, naphakade,” Uhlala eliLizwi naphakade, iLizwi libonakalisiwe. Yilonto kanye Awayichazayo ngabaprofeti. U*mprofeti* akathethi kuphela “imboni okanye umchazi-ngomso;” uthetha “umtyhili weLizwi elibhaliweyo.” Kubomi bakhe, kwimisebenzi yakhe, utyhila kwaye ungqinela iLizwi laloo mhla; njengo Nowa esakha umkhombe; UMoses ezantsi phaya; nakuphi na okunye; naso nasiphi na isithembiso, iLizwi elithenjisiweyo laloo yure.

108 Ngoku siyazi ukuba Unathi. Siyayikholwa lonto. Uyalibona iLizwi Lakhe libonakalisiwe, ngemifanekiso yeefoto, ngeZibhalo, ngokudandalaziswa eZulwini, emhlabeni, yonke enye into Ayitshiloyo. Akukho naxesha linye yakhe yahluleka. Ndicela nabani na andibonise, kwiindawo ezahlukene zelizwe, okanye ngaphaya kwihlabathi, u—ubophelelekile ukuba undibhalele uze undixelele, kuphi kanye apho yakhe yahluleka. Igqibelele, izwi ngezwi, ngoku, eso sisithembiso.

109 Kwakutheni lento Wayezakubonakala kulemihla yokugqibela? Ukuba ubuyela emva, nani baphulaphuli beteyiphu, ku*Mthi woMtshakazi*, uze uwuzise apho uKristu wayekho, la Mthi owawusemyezweni wase-Edeni. U-Adam wokuqala owawayo; kwaye lo Adam weSibini wagawulwa ngesono. Bamxhoma Yena kumthi wobuRoma, kwaye koko kwatsalwa u . . . kwaphuma ngaphandle uMthi woMtshakazi Awawuthembisayo, esiwubonayo eZibhalweni, ngoku, ukuze kufunyanwe uMtshakazi.

110 Njenge pyramid, indlela eya ekucuthekeni ngalo lonke ixesha, ukusuka kububanzi obukhulu; ukusuka kuLuther, Wesley, abakwaMoya, kuze kwilitye lentloko kwintloko yayo itsheziwe, kwaye ngalinye kuloo matye abekwe ahlangana ngokugqibeleleyo. Kwaye asazi okwangoku ukuba bayenza njani, kodwa ibekwe yahlangana ngokugqibeleleyo kula pyramid! Kwaye asifundisi pyramid ngoku, nje si . . .

111 U-Enoki kunye nabo bayakha, kwiminyaka eyagqithayo, kwaye imile njengomfuziselo. Njengokunye njengelanga liphuma lize litshone; nje ngokukunye nje ngomthi uwisa elawo—elawo igqabi, lize liphinde libuye kwakhona; njengentlanzi, neenkomo, nayo yonke enye into iyayizekelisa. La pyramid ime njengomfuziselo.

112 Yiya kwigumbi lomprofeti uqaphele lomanyathelo asixhenxe. Kuphi apho u—kuphi apho unogada ahlangana nomcelimngeni ekuziseni umfiki ebukhoneni bokumkani? Enkcotsheni yamanyathelo; kwakukwinyathelo lesixhenxe. Apho ibonisa ukuba sifanelwe size kwakhona ngala Moya mnye owawukuYohane; wamazisa uMesiya. Wayengoyena mkhulu kunabo bonke abaprofeti; wayazisa Yona. Kwaye sifanelwe kukuza kwindawo, kwakhona, kwinto eyakumazisa uMesiya.

113 Kwaye indlela uMesiya. . . abantu abamkholelwayo Yena banokuyazi ngayo ngaphandle kokusoloko beseLizwini, ukwazi ukuba Uyintoni! UDaniyeli wathi, "Iingqondi ziyokwazi; kodwa iziyatha, abangezongqondi, abayi kwazi. Bayakumazi uThixo wabo." Ngoku, ngoku, indlela Ayakubonakala ngayo kwimihla yokugqibela, kukubabuyisela abantu emva eliZwini, ukuze uMtshakazi amazi uMyeni Wakhe, amazi uMlingane Wakhe, iLizwi elityhiliweyo. Yilonto oko kufanele kwenzeke.

114 Yayingekho kubahlaziyi; yayingekho kuLuther, Wesley, naba—nabakwaMoya, kunye nabo. ISibhalo sithi yayingekho.

115 Kodwa iyakuza. Sisithembiso Sakhe sesi sigaba. Siphila kwisigaba apho Ukuza Kwakhe kuyakuba kuso. Kufanele abandakanywe kuYe. Nawuphi umfazi ufanele abandakanywe kunye nendoda yakhe, ngokuba ababini banye. Kwaye uMtshakazi kaKristu kufanele ukuba abandakanywe naYe, ngokuba ababini baNye; kwaye UliLizwi, hayi ihlelo. iLizwi! Sifanelwe sibe ngabantwana bokuKhanya, kwaye ukuKhanya liLizwi elenziwe uKukhanya kwesi sigaba. Sikwazi njani uKukhanya ngaphandle kokuba Kusuka eLizwini? Kulungile. ILizwi lenziwe inyama kukuKhanya kwesigaba; xa ukubona Kona, kwaye iBhayibhile yatsho njalo.

116 Abo bantu babejonge kuYesu phaya, baza bathi, "Kulungile, le Ndoda, Ngubani? Kutheni, Uzelwe, uzalo lobugqakhwe ezantsi phaya. Kutheni, uyise nonina Bakhe *bayile, yileya* kunye na*leya*, nako konke oku phaya." Kodwa babengamazi Yena. Ukuba babezazile iZibhalo, babenokumazi Yena. Watsho njalo.

Bathi, "Singabafundi bakaMoses!"

117 Wathi, "Ukuba benimazile uMoses, beniyakundazi Nam, kuba uMoses wabhala ngaM." Kwaye babemfamekisekile kakhulu ukuba baYibone!

118 Bona okunjani ukuthobeka? Kude kuzo zonke izihlwele, namahlelo, nemigaqo, nako konke. UThixo wangena ngaphakathi kanye, enyameni, kwimo yoMntu, uMhlanguli Osisizalwana.

119 Makabandakanywe kunye Naye. Simenyelwe ukuba ngabantwana bokuKhanya, ukuze sihambe eKukhanyeni.

120 Ndikhumbula ezantsi eKentucky, apha kungekudala, ndandinomhlangano. Ngaphandle, emva kokuba ndiphumele ngaphandle ecaweni, ukuba kwakukho ixhego limile, line lanteni esandleni salo. Wayengowebandla elalingakholelwa empilisweni, nokunye. Wathi, "Ndi—Ndiyohluka kuwe, Mzalwana uBranham."

Ndathi, "Kulungile, unelungelo lokwenza oko."

121 Wathi, "Uyabona, andiyi kwamkela nantoni na ndide ndibe ndiyayibona. Kufanele ndiyibone, ngokucacileyo gca."

122 Ndathi, "Ke wakhe wambona uThixo, ngokucacileyo gca, eme phambi kwakho?" Kuba, wayengakholelwa kwimibono kunye nezinto.

Wathi, "Hayi."

123 "Kutheni," Ndatsho, "ngoko akulokholwa, mhlekazi. Andinakuthetha nawe. Yabona? Yabona? Sibona oko uThixo akuthembisayo size sibambelele Koko."

124 Wathi, "Uyiqikelela njani lonto?" Ndathi . . . Wathi, "Yiza, siye ekhaya kunye nam size sithethe ngobubusuku."

Ndathi, "Andinakho; ndingathanda. Uhlala phi?"

Yathi, "Ujikela ngaphaya kwale ntaba apha."

125 Ndathi, "Uzakufika njani phaya? Akuyiboni indlu yakho." Uh-huh.Uh-huh. Ehe. Ehe.

Wathi, "Kulungile, kukho indledlana egwijela ngaphaya kwenduli."

Ndathi, "Akuyiboni indledlana." Uh-huh.

Wathi, "Ke, ndinelanteni."

126 Ndathi, "Ilanteni ayizukubonisa ukukhanya okuya nqo endlwini. Owu, hayi. Kodwa la ndledlana iyakukhokelela endlwini. Kodwa la lanteni iyakubonisa kuphela ukukhanya kwenyathelo elinye ngexesha."

127 Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle; inyathelo elinye ngexesha, Nkosi, sisondela kuYe. Ehe. Bantwana bokuKhanya, yamkelani iLizwi Lakhe, qhubekekani nihamba kwaye nijonge okuninzi kucombuluka. Sanukulishiya Lona, nokuba angathini omnye othile. Hlalani kanye kuyo Lonto nize nje nihlale nihamba naLo, Liqapheleni lizicombulula kwaye Lizityhila. ILizwi liyiMbewu; imbewu kumhlaba olungileyo iyakuvelisa okwayo.

128 Qaphela iZityhilelo 10:1 ukuya kwi-7, zonke iimfihlakalo ziyakutyhilwa kuMtshakazi, ngomthunywa weBandla laseLawodike. Ingaba kukho bani oneBhayibhile yeNguqulelo ePhengululweyo? Ukuba unayo, uyakuqaphela apho itshiloyo, "ingelosi," ikwizigweqe ithi, "ukhozi." Yabona? Uh-huh. Uh-huh. Yabona? Umthunywa kwi—kwiBandla laseLawodike, yabona, Izityhilelo 10:1 ukuya kwi-7.

129 Kwaye wathi oko oku . . . kuloo mini ukuba wambona Yena esihla, waze wayidla incwadi encinane. Kwaye kukho . . . "Wabeka unyawo lwalunye emhlabeni, nolunye elwandle, waze wafunga ngaLowo uphilayo, ngonaphakade kanaphakade, ukuba, 'Akusayi kusabakho xesha.'" Kwaye xa Wakwenzayo, Iindudumo Ezisixhenxe zawavakalisa amazwi azo. Kwaye xa iiNdundumo eziSixhenxe zawavakalisayo amazwi azo, uYohane wathi wayezakubhala. Kwaye Wathi, "SukuYibhala." Uh-huh. Yabona? Waze waYityiwana.

130 Ngoku, omnye wathi, "Ke, loo Matywina aSixhenxe, ngoko, Mzalwana uBranham, oko kuyakutyhilwa kwimihla yokugqibela, enye imfihlakalo enkulu indlela esisondela ngayo kuThixo?" Hayi, mhlekazi, ayinakuba njalo.

131 "Nabani na oyakususa iLizwi elinye kule Bhayibhileni, okanye ongeze ilizwi elinye kuYo, isabelo sakhe siyakususwa, iNcwadi yoBomi." Into eyiyo sisityhilelo koko kwaphoswayo emva phaya, ukuzisa. Seyibhaliwe A*pha*. ILapha. Ikukutyhila oko sekubhaliwe. Yabona? Kuba, akunakongeza nenye into kuYo, okanye ususe nelinye iLizwi kuYo.

132 Isahluko sokuqala seSityhil- . . . se—seBhayibhile, ekuqalekeni, Genesis. Umfazi omnye zange angalikholelwa Lona, kodwa walitolika nje ngokuphosakeleyo, wayeka uSatana alitoke kuye ngokuphosakeleyo, ilizwi elinye, "ngokuqinisekileyo." Yabona? Kwaze ngoko, ukusukela apho, kwabangela yonke le ngxaki. Kwaye yayinguThixo ethetha, iLizwi likaThixo.

133 Kwaye kwisahluko sokugqibela seSityhilelo, uYesu ngoKwakhe, kwa uThixo omnye, wathi, "Nabanina oyakususa iLizwi elinye, okanye ongeze igama elinye kuYo."

134 *Esi* sisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu. [UMzalwana uBranham umpampatha iBhayibhile yakhe—Mhl.] Kwaye amaTywina aSixhenxe ayenemfihlakalo efihliweyo, ezokuba yayiyintoni Iyonke; kwaye ifanele Ivuleke kumhla wokugqibela, kwisigaba saseLawodike, kwixesha lokugqibela. Makabongwe uThixo! Oko kuyawugqiba uMyalezo kwiBandla. Kuyawugqiba Wona. Xa bajonga emva baze babona ukuba bekuyintoni, kwaye babona ukuba iyonke iziswe kwintoni, kuyaSigqiba, isigaba seBandla.

135 Ngoku qaphela amaxilongo esithetha ngawo, kukubizwa kuhlanganiselwe mhlawumbi isidlo, kuhlanganiselwe imfazwe,

kuhlanganiselwe umntu, usuku olungcwele, okanye into ethile enjalo. Qaphela. Uthi, "Kuhlanganiselwe umntu?" Ehe. Okanye, kuhlanganiselwa unyaka wesikhumbuzo samashumi amahlanu eminyaka, ukwaziswa kokuza kwenkululeko, xa babenokubuyela emva; ngoku, singathabatha intsasa epheleleyo nje kuloo nto inye. Kodwa, ngoku, singena kumaxilongo. Uyifumene imvelaphi ngoku, yamaTywina kunye neBandla, ngoku siya kumaxilongo. Ixilongo lahlokoma, kwaye ixilongo lichaza mhlawumbi imfazwe, okanye usuku lwesidlo. Okanye, into elithethayo, yi, "ukuhlanganiswa kunye kwabantu," i*xilongo*.

136 UPawulosi wathi, "Xa ixilongo linika isandi esingaziwayo, ngubani onokuxhobela imfazwe, okanye uxolo, okanye nokuba yintoni?" Ngubani owaziyo? Kufanele wazi ukuba livakalisa ntoni ixilongo.

137 Ngoko ke, xa ixilongo lihlokoma, sibona into ethile emhlabeni namhlanje. Kukho ingxaki enkulu ndaweni ithile. Wonke ubani uyayazi lonto. Wonke ubani uba nokuphazamiseka okuthile kwengqondo. Ilizwe lonke lilizwe eliphazamiseke ngendlela ethile ngengqondo, kwaye siyazi ukuba kukho okungalunganga. IPentagon, naphi na, siyazi ukuba kukho okungalunganga.

138 Ngoku, kuphela kwendlela oyakusazi ukuba siyintoni isandi sexilongo, kukujonga ukuba iPhepha lomMculo lithini. Yabona? Yilonto. Yisimfoni enkulu, yabona, kunye nesingqi.

139 Njengo, *Petros kunye noMvolufo*, yabona, xa u . . . ukuba i . . . Kunye no—nomqambi ebhale incwadi, nombhexeshi kufuneka abe kumoya omnye nowomqambi. Ukuba akanjalo, unika isingqi esingalunganga, kuze ke yonke lonto ibe yephumileyo.

140 Yilonto ingxaki namhlanje. Sinababhexeshi abaninzi kakhulu abaku . . . abangekho kuMoya woMqambi. Bathi, "Ihlelo, ke, sikholwa *yile*."

141 Akunamsebenzi nokuba uthini, iBhayibhile ilungile. Yibethe ngokwePhepha loMculo kanye apha phambi kwayo, ngoko ke isimfoni enkulu yomsebenzi omkhulu kaThixo idlala nje kakuhle, ngoko sibe nokubona iyure nalapho simi khona.

142 Ngoku qaphela, ixilongo lelokubiza lihlanganise abantu, baqokelelanele okuthile. Ngelinye ixesha lazisa umntu obalulekileyo.

143 Njengaku Yosefu, bavakalisa ixilongo, waye uYosefu evela; nto leyo ingu—umqondiso we "iXilongo Elikhulu" esithetha ngalo, nesizakungena kulo emva kwethuba, ku Isaya. Elithi, "Xa iXilongo Elikhulu lihlokoma, xa loo mbasa iyakuphakanyiselwa phezulu, phezulu phaya; kwaye ngoko

kuyakuza ixesha xa iXilongo Elikhulu liyakuhlokoma, zize zonke izizwe zihlanganiselane eJerusalem." Kuxa iMillennium iqalisa; iXilongo Elikhulu.

144 Ngoku, olu bizo, lwesidlo samaxilongo, ukuza kwento ethile. Qaphela iSityhilelo 8:7, ukuba ufuna ukuyibhala phantsi. Siqaphela iXilongo Lokuqala, kwasasazeka isichotho, igazi, umlilo, phezu komhlaba; nje kanye kunye ne-Eksodus, xa uThixo wayebizela abantu Bakhe ngaphandle, kwe eksodus.

145 Ngoku, isizathu sokuba la maXilongo asiXhenxe angangeni kweliBandla nakwesi sigaba, kungenxa yokuba abhekiselele kuSirayeli kuphela. Kukubizwa, kokuhlanganiswa kwabantu. Kwaye ngoku inye kuphela ebalulekileyo apha endifuna ukuba nifike kuyo, kwimizuzu embalwa, kulapho niyakubona ukuba kutheni oku kungangeni kwesi sigaba esiphila kuso; amaXilongo asiXhenxe.

146 Ndiyazi abantu abaninzi bayahluka koko, kodwa ndiyayazi ukuba iyilento. Ndiyayazi. Hayi kuba ndisithi niyayitsho; ngokuba, andiyifumenanga kum. Eyam—eyam ingcinga asiyoyam. Nantoni Leyo indixeleleyo, ukuba Ayilunganga, ngoko ayilunganga. Kodwa andiyixeli ngokukokwam, ndiyixela ngoko kutshiwo ngoMnye othile. Loo Mntu uthile unguThixo owathetha nathi waza wenza zonke ezi zinto Azenzileyo, waza wabonakala, yabona, ke ndiyazi ukuba ilungile.

147 U—ukuhlanganiswa ukaSirayeli kungama Xilongo. AmaXilongo ngawokuhlanganisa uSirayeli. Qaphela, elona Xilongo Lokuqala lavakala; igazi, umlilo, isichotho, nayo yonke into, yasasazeka emhlabeni. Yabona? Wayesenza ntoni? Ekhupha uSirayeli ngaphandle kweYiphutha kamoya, yabona, emva kumhlaba wabo.

148 Ngoku mandikutsho oku kanye apha, ukuba, lonke iXilongo elavuthelwayo, lavuthelwa phantsi kweTywina leSithandathu. Sizakufika kuyo kwimizuzu embalwa, apho sifumana amaTywina khona. Onke amaXilongo avakala phantsi kweTywina leSithandathu.

149 Ngokuba, iTywina leSixhenxe, kwabakho inzolo. "Akukho bani waziyo; yayingumzuzu okanye iyure ewayeya kuza ngayo uKristu," njengoko Wayityhilayo kuthi.

150 Kodwa lonke iXilongo lavakala phantsi kweTywina leSithandathu, phantsi kotshutshiso lwamaJuda. Qaphela, iSityhilelo ngoku, isi-8, uze uqale ngomqolo we-7. Konke yayikukubizelwa ngaphandle kukaSirayeli, ngokwenyama, eYiphutha; ngoku kukubizwa kukhutshwe uSirayeli, kwimo yasemoyeni. Wayebalungiselela ukuba beze kwisidlo soCamagushelo.

151 Qaphela, isidlo samaxilongo yayisesokuqala, esasiyipentekoste. Isidlo socamagushelo sasiyilandela,

kumashumi amahlanu eminyaka kamva. Isidlo socamagushelo, funda apha. Siyakwenza, mhlawumbi, ukuba sinalo ixesha, sizakubhekiselela kuso kwaye sinifundele sona siphuma eBhayibhileni, apha kwiLevitikus 12, ngoku, okanye iLevitikus 23, gxebe, neLevitikus 16. Sifumanisa ukuba esokuqala yayisisidlo sa—samaxilongo. Yayisisicamagushelo kunye ne...emva kwayo kulandele ipentekoste, ngoku siyafumanisa...Isidlo socamagushelo sasilandela isidlo samaxilongo.

152 Ngoku qaphela, iXilongo lavakala, kwaye oko yayikukubahlanganisa ndaweninye. Ngoku, iXilongo lokuQala lavuthelwa, kwabakho isichotho, igazi, umlilo, wasasazeka phezu komhlaba, ngokuchanekileyo kanye njengokuba kwakunjalo eYiphutha, elungiselela ukubabizela uMhla wokuCamagushela. Yabona? Basala iSicamagushelo senyaniso. Kwaye le minyaka yandisiwe ukuza kuphuma apha, ibingunyaka wepentekoste. Yabona? Ngoku ukuvuthela kubhekisa kumaJuda kuyalandela.

153 Oku ibikukubizwa-kukhutshwe iBandla. Yikhangelele kufutshane kakhulu. Ngoku, ntoleyo, emva koko, Wabathabatha waya kubangenisa kwilizwe ledinga; nto leyo Ayakwenza kwayona, ekubeni, ngomqondiso, Uthabatha iBandla alise kwilizwe ledinga.

154 Khumbula, lonke iXilongo lavakala phantsi kweTywina leSithandathu, kuphela ngoko apho lavakaliswayo.

155 Qaphela ngoku, ngokuchanekileyo, inkqubekeko yeSibhalo, ngokuchanekileyo yinto enye. Phantsi kweXilongo leSixhenxe, kuya kuSirayeli ngendlela enye njengeTywina leSixhenxe elalikuko kwiBandla. Siyafumanisa, phantsi kweTywina leSixhenxe, ukuba xa loo miphefumlo eyayiphantsi kwesibingelelo phaya, eyathi yamkela iingubo...Banikwa iingubo, hayi ukuthi babezizuzile zona, ngokuba babekwisigaba sexesha xa uThixo wayesasebenza ngobabalo kwiiNtlanga, hayi amaJuda. USirayeli usindiswa njengesizwe. UThixo usebenza ngoSirayeli njengesizwe. IiNtlanga zi "ngabantu beGama Lakhe," hayi isizwe seGama Lakhe. USirayeli!

156 Kwaye xa uHitler nabanye abo bawatshutshisayo amaJuda, kwaye benza izinto abazenzayo phantsi koko; khangela, bona, uStalin, uHitler, nabo bonke abo zwilakhe bathi bavela. Ukuba besinexesha, ngalo, esinokuyiphindela abo bangabafiki, kodwa sesigqithile kuyo. Phantsi kweso sigaba sinye, ukuba apho kwathi kwakho eJamani na—nakwezinye zonke izizwe, amaJuda echithwa-chithwe kumhlaba wonke. Kodwa kuye kwavela, kule minyaka ingamashumi amabini yokugqibela, intshutshiso embi ngokubhekiselele kumaJuda.

157 Ndakhe ndalapho ngaphandle kwiindawo zakudala apho bayitshisela khona imizimba yawo, bayitshisa yaluthuthu, basebenzisa i. . . basebenzisa uthuthu lwawo ukuchumisa umhlaba, abantwana bamaJuda, nabafazi, nayo yonke into. Baze bazame ukuyiphika; bathathe ubakhuphele ngaphandle uze ubabonise kanye ukuba yenzelwa phi na.

158 Ibe iyintshutshiso embi ngokubhekiselele kuSirayeli, ngokuba ibilixesha lokumbiza ngoku abuyele kwiSicamagushelo. Usephantsi kwesicamagushelo semvana yasenyameni. IMvana yenene kaThixo sisiCamagushelo, kwaye usalile Sona, kwaye iGazi laba phezu kwakhe ukusukela ngoko. Qaphela, ukwenza abantu balungele! Ligqibelele kangakanani ngoko iXilongo leSixhenxe kunye neTywina leSixhenxe, ngokugqibeleleyo kunye, intshutshiso yamaJuda.

159 Qaphela, kwiSityhilelo isahluko se-9 nomqolo we-13, ngoku qaphelisisa, phantsi kweXilongo leSithandathu. IZityhilelo 9:13, phantsi kweXilongo leSithandathu, phawula, kwakukho amakhulu amabini amawaka abakhweli bamahashe awayebotshelelwe emlanjeni um-Efrati, akhululwa phantsi kweXilongo leSithandathu. Ngoku akusekho makhulu mabini amawaka abakhweli bamahashe ehlabathini; kodwa kwakukho amakhulu amabini amawaka abakhweli bamahashe. Yiqaphele. Ndifuna ukuba uyibhale phantsi, ukuze ube nokuyifunda.

160 Yayingengomahashe asenyameni. Ayephefumla umlilo, kwaye ayenezigcina zifuba zeyaspisi, kunye ne—nemisila. Kwaye isiphelo somsila sasikhangeleka okwenyoka, intloko yenyoka ekupheleni kwawo, iluma. Yabona? Yayingamahashe akwamoya, iidemoni zasemoyeni, abahlaseli, ababebotshwe kum-Efrati yonke le minyaka, iidemoni ezingaphezu kwendalo. Yayiyintoni leyo? ULawulo oludala lweRoma luvuselelwe; ukutshutshiswa kwamaJuda. Ebebotshwe isithuba esisondele kumawaka amabini eminyaka, emlanjeni ongum-Efrati, engenakuwelela kwisithembiso; iqela elikhethekileyo lezenkolo elalizama ukufikelela kwelinye icala. Um-Efrati, uyazi, ukungena e-Eden. Kodwa ayebotshiwe apho, amakhulu amabini amawaka eedemoni zentshutshiso.

161 Kwaye qaphela ukuba kwenzeka ntoni na phantsi kwelo Xilongo leSithandathu. Akhululwa phezu kwamaJuda; intshutshiso yamaJuda. Iidemoni ezingaphezu kwendalo, phantse amawaka amabini eminyaka, zaze zakhululwa nguStalin, uHitler, phezu kwamaJuda. Uthi, "Kulungile, asibobuRoma obo." Ikwangumoya omnye. Benza kwaloo nto inye bayenzayo kuMakristu, ngemihla yeRoma yakudala yobuhedeni. Ngoku khangela kuSirayeli wasenyameni, nakwiBandla lasemoyeni ngoku, njengokuba siyahlula loo nto apha. Zakhululelwa phezu kwamaJuda.

162 Uyakhumbula, phantsi kweTywina leSithandathu, indlela abathi ngayo ngamnye kwabo bafela inkolo, ngokwe—ngokwe Lizwi likaThixo, bamkela iingubo. Bazinikwa ngobabalo, ngokuba bamfanyekisiwe ukuze bangabi nakuyibona iVangeli yabo, ukuze aba bantu babe nokubizelwa ngaphandle kweeNtlanga ukuze babe—babe nguMtshakazi. Banikwa iingubo, iBhayibhile itsho apha, phantsi kwela Xilongo. Loo maJuda, wona athe ngokupheleleyo achasana noKristu nayo yonke into; isizathu sokuba abe anjalo, kungokuba iBhayibhile ithe amfanyekisiwe. Kwaye ayemfanyekiswe ngenxa yesizathu senu. Yaye uThixo olilungisa uyazi ukuba ayenokuYamkela, kodwa amfanyekiswa ngenxa yakho. IBhayibhile itshilo.

163 Nabo obabukumkani beRoma, bubotshwe apho yi (ntoni?) ngamagunya ecawe. Ntoleyo, iRoma, iRoma yobuhedeni yaba yiRoma yoopope, kwaye yabotshwa apho ke phantsi kwezithethe zobuKristu. Eyiphi indawo yobuKristu, ne—neenkolo eyayinazo iRoma yazihlanganisa nazo zonke ezi; ukunqulwa kwabafazi, nazo zonke ezo ntlobo zezinto, neentsuku zeKrismesi, neeholide, nemihla engcwele, nezinto. Ibibotshwe neso sithethe ingenakukhululeka, ngokuba ichasene nemigaqo yoBukristu. Iseyiloo nto inye ingenabuthixo, umoya wobuhedeni! Kwaye loo moya wangena wabambelela kwizizwe zehlabathi, ngokweziprofeto zikaHezekile nabanye bebonke

164 Kwaye akhululwa phezu kwamaJuda, awayengazinto ngoMoya. Nazo iimfihlakalo zenu ezifihlwe apho phantsi kweloo Tywina. Yabona? Yiqaphele. Sidlule kuyo loo nto. Kwaye ndiza kunibonisa eli Xilongo apha, eli Xilongo lokugqibela, kwenzeka ntoni na. Ngawo lawo. Laa Maxilongo akhululwa phezu kwamaJuda, (awuboni?) hayi phezu kweeNtlanga. IiNtlanga, xa loo Matywina avulwayo, zatywinelwa ngaphandle; ixesha liphelisiwe; iBandla libiziwe.

165 Niyawukhumbula umbono ngenye imini? Khumbula ukhu-. . . umboniso wangaphambili wawo? Bangaphi abakhumbulayo, kwiCawe 'phambi kwephelileyo? Indlela apho wawuchanekile, weza ngayo. Sawubona, ngokuchanekileyo, sabona obo bumdaka, into engcolileyo inyuka, ibizwa ngokuba libandla, ubukrwada ngokugqithisileyo. Kwaye loo Mtshakazi mncinane, waso sonke isizwe, ngamnye kubo enxibe njengesizwe sakhe aphuma kuso, behamba nje ngokugqibeleleyo phambi kweNkosi.

166 Niyakuqaphela, kuyakubakho ixesha, ngaxesha lithile, apho bayakuthi, "Kulungile, bendicinga ukuba iBandla liyakuhamba phambi kwentshutshiso. Bendicinga ukuba kuyakubakho uXwilo."

"Sele idlule kwaye awuyazanga."

Yilonto Wayitshoyo ngoYohane ngaxesha lithile, niyazi.

167 Bathi, “Kanjani, kutheni na abaprofeti besithi nje i . . . ababhali, ukuba u-Eliya umelwe kukufika tanci?”

168 Yena wathi, “Sele efikile.” Kwaye nkqu nabafundi babengayazi. “Benza kuye konke abakuthandayo.”

169 UXwilo luyakuba kwayiloo ndlela inye. Nge—ngeyure . . . Wathembisa ukuyenza loo nto. Akazange athembise ukubonisa u-Eliya ngolohlobo, kodwa Wathembisa ukumthabatha ngolo hlobo uMtshakazi. “Ngeyure eningayikhumbuleliyo,” ukuguqulwa nje, ngomzuzwana wokuqhwanyaza kweliso, kumkiwe naye. Ube ushiyekile, kuyakube kungelo xesha ngoko!

170 Kumawaka amabini eminyaka, lo moya ngabantu baseRoma, ibandla laseRoma, wawungakwazi kushukuma. Kodwa kwaloo moya mnye uyenyuka, kuqala, ezantsi phaya kuMussolini eRoma, uzwilakhe. Niyasazi isihlanu . . .

171 Izinto ezisixhenxe Awandibonisayo, ngowe-’33, eziyakwenzeka. Ezintlanu zazo sezigqithile. Ugqirha Lee Vayle ubhala incwadi kuzo phaya ngoku. Yabona? Izinto ezintlanu, ngokugqibeleleyo, kwaye zezimbini nje ngaphezulu ekufanele zenzeke. Wathi, “Ziyakwenzeka nje phambi koKuza.” Naku silapha kanye esiphelweni ngoku, kwaye ikhangeleka ngathi laa nto yesithandathu iyashukuma inyukela ngasentla. Yabona? Ngokugqibeleleyo, ngokuchanekileyo, nkqu neemfazwe nokuba ziyakwenzeka njani, ngokuchanekileyo ngaphandle kwentandabuzo, kwaye akukho naxesha lithile yakhe yaphosa.

172 Phulaphulani, bakuthi, sifanele kukuhlolisisa iyure nganye. Anazi apho sime khona. Kukufutshane ngenene!

173 Ngoku, ngoku wakhulula, phezu, phantsi kwelaTywina leSithandathu, lamakhulu mabini eedemoni zikamoya, zaqala eRoma, eJamani, uHitler. Kwaye qaphela ngaphaya eBhayibhileni, apho bamkelayo, zange . . . Bamkela amandla njengookumkani, kodwa babengathweswanga zithsaba. Uzwilakhe akangokumkani othweswe isithsaba; wamkela nje amandla njengokumkani.

174 Owu, uMoya kaThixo ushukuma nje apha kum ngoku, uyazi, nje utsho into. Andazi ukuba mandiyitsho njani, okanye ndithethe ntoni, kwaye mhlawumbi kungcono ndingathethi.

175 Qaphela, amabini amawa- . . . amakhulu amawaka eedomini akhululwa phezu kwaloo maJuda, xa babatshisayo, bababethelela. Bawafaka amadyungu-dyunguza emithanjeni yabo. Bababulala, de ababinasirhaxisi sokubulala. Kwaye babadubula, de ababinazimbumbulu zokudubula. Baze ba—baze benza yonke into ababenokuyenza. Bayitshisa yaluthuthu imizimba yabo, nako konke; baxhoma emacingweni, abantwana nabo bonke, abantu abamsulwa. Ngokuba babengamaJuda, benziwa ngolohlobo. Kodwa uThixo

wathi Unika ngamnye kubo ingubo, ababengazifanelanga njengoko babenjalo; kodwa inceba Yakhe yokubamfamekisa ukuze sibe nokubona.

176 ITywina leSixhenxe alikavulwa okwangoku, uyazi. KuKuza kwakhe oko.

177 Ngoko xeshikweni babesephantsi koko phaya, kodwa, Uyasibonisa apha, kumboniso wangaphambili. NjengoYohane, Wamnyusela ngasentla.

178 Kwaye ngaxesha lithile, ehamba elwandle, uyazi; wathi, "Kuyakwenzeka ntoni kule ndoda yoyame esifubeni Sakho?"

179 Wathi, "Iyini na lonto kuwe ukuba uhleli ndide Ndibuye?" Yabona, akazanga ahlale, kodwa Wamthabatha wamnyusa waze wambonisa oko, into eyenzekayo de Abuye. Wambonisa nje, waphicotha icebo lonke kuYohane.

180 Qaphela, sifumana ngoku ukuba loo mandla enyama phantsi kwenyama, kwisizwe senyama, uSirayeli, akhululwa apho. Kwaye enza ntoni? Emka aze ayokwenza imfazwe, kwaye indlela abulala aze atshutshisa ngayo.

Ngoku kumgangatho wayo wemfundiso zeecawa! Ndi . . . ingaba u . . .

181 Ndiyathemba ukuba UThixo uyawavula amehlo enu kule nto ngoku. Kuba, ndiyaqonda ukuba oku asikokuthetha nje kweli bandla lilapha. Le teyiphu iya kwihlabathi ngokubanzi. Kwaye andizimisele kukhathaza imvakalelo zaye nawuphina umntu, koko kukuxela nje iNyaniso.

182 Ngoku umgangatho wemfundiso zeecawa uvuliwe, ukususela kwimvuselelo yemvelo yeRoma yakudala yobuhedeni, waqhubeka waya kutsho kuloo maJuda, eyayihleli ilutshaba lwabo kakade. Ingonyama, inamazinyo nayo yonke into, yangqisha phantsi yaphula abantu. IRoma, yahlala ilutshaba lukaThixo! Kwaye yakhululwa kwangaloo moya mnye, ngoozwilakhe behlabathi, ngokuba inkqubo yezenkolo yayisabambelele. Ngoku ikhululwe.

183 Yenze ntoni? Ebu "buqhingeni," njengoko Watshoyo, ungene ngokwezinto ezincomeka kakhulu. Waze wenza ntoni? Uzise iBhunga leNkonzo lamaProtestanti leeNkonzo zeHlabathi, umoya womchasi-kristu uphezu kwazo zombini, ubazisa ekuxhelweni, kanye njengokuba benzayo kwabanye, kwiyure yokubizwa koMtshakazi. Njani? Zikhululwe kumoya wemfundiso zobucawe. Zikhululwe phezu kwantoni? Hayi phezu kwamahlelo; phezu koMtshakazi! Kodwa apha niyakuyifumana, uMtshakazi akayi kungena kwelo xesha. IBhayibhile ithi nakanye. Ibandla liyakungena, kodwa hayi uMtshakazi. Aniyiboni? Balungiseleli, anikuboni oko, bazalwana?

184 Uthi, "IBandla kufanele lingene kwintshutshiso, ukwenzela u—ukugqityeleliswa Kwalo." Igazi likaYesu Kristu liyawugqibelelisa uMtshakazi.

185 Indoda ekhetha umfazi ayimfaki ekohlwayeni okuninzi; sele elufumene ubabalo, ngokunjalo, ngaye; yena ufumene ubabalo ngayo. U—uganelwe kuye. Kwaye, ukuba kukho nantoni na eyenye, iyakumlondoloza kwindawo zonke ukususa isandla sakhe. Ubabalo lwakhe lukhulu phezu kwabo.

186 Kwaye kuyakuba njalo ke kuMtshakazi, kunjalo ke kuMtshakazi. Thina zidalwa ezingafanelekanga, ezifanelwe sisihogo, kodwa ubabalo Lwakhe lusibambe lwasiphumelisa. Khangela ukuba bangaphi na abalahlekileyo nabazimfama! Bangaphi, bangaphi aboni ababekhona ehlabathini, ngaloo yure ndasindiswa ngayo! UThixo wandisindisela injongo; kwaye ndizimisele, ngokuthanda Kwakhe, ukwenza loo njongo. Andikhathali nokuba yintoni na eyenye eqhubekekayo; ndifuna ukwenza yona.

187 Kwaye kwiyure xa ndibona wonke amabandla, ukubengezela okukhulu kwawo, "nokutyeba, kwaye bengaswele nto," bathi; kwaye babone bona, beludwayinge, iintsizana, iimfama; baze banimbambazele emagxeni, befuna ukuba nenzelelele kunye nabo. Ndazalelwa injongo, yokuba ndiyigwebe loo nto kwaye ndibizele ngaphandle. Oku ndiyakwenza.

188 Khumbula, xa uYesu wezayo emhlabeni, kwakungekho nomnye ekhulwini kubantu ababesemhlabeni owakhe wazi ukuba Wayelapha. Weza kulanda elaa qela linyuliweyo. Wathi, "Akukho mntu unokuza KuM engathanga uBawo Wam amtsale. Kwaye bonke uBawo athe," ixesha elidlulileyo, "wandinika bona, bayakuza. Bayakuyazi loo nto. BayakuLiva."

189 Qaphela ukukhululwa kwalo moya ungowemfundiso yeecawa. Ngoku kumashumi amabini eminyaka mva, emva kwaloo mfazwe, sibona ukukhululwa komoya wemfundiso zeecawe. Phantsi kwantoni? ITywina leSixhenxe; iXilongo leSixhenxe eliya kumaJuda.

190 Khangela inyanga isibamnyama. Phantsi kwantoni? Yibone izotywe ngokuphandle, uNyana womntu egxothiwe ebandleni.

191 Yintoni na? Kukuzimanya kwiqela labezecawe. I—inkqubo yezobunkonzo, nakwiBhunga leeNkonzo zeHlabathi, kwaqhutyelwa wonke umntu. . . Imele ntoni loo nto? Kutheni, unyanzelekile ukuba unikezele ngayo yonke imfundiso yakho yokuvangela nezinto. "Banako na ababini ukuhamba kunye bengavumelani?" Abangekhe. UYesu wathi abangekhe. Kwaye lingathini ke ibandla, iWisile namaBhaptizi ukuhamba kunye? Lingathini iBandla likaKristu ukuhamba namaRhabe? Ingathini iKatolika ukuhamba neProtestanti? Ingathini iProtestanti ukuhamba neProtestanti?

192 Kodwa uMtshakazi unokuhamba neLizwi, elinguKristu. Kufanele kube kwimvumelwano. Hayi inkqubo yeemfundiso zeecawa; koko iLizwi. Umelwe kukuvumelana neLizwi, ukuze uhambe neLizwi. UYesu watsho njalo. Loo nto iyenza ilunge.

193 Qaphela, nankuya ngoku. Ukhululwe, ukuza kubiza zonke ezi ndawo zindyengelele, “Owu, kulungile, ayenzi namnye umahluko, nakanjani na.”

194 Yiloo nto awayithethayo uSathana ku-Eva, “Ayenzi namnye umahluko. Ilunge yonke. Ngokuqinisekileyo, uThixo nguThixo olungileyo. Usithanda sonke.” Akenzi njalo.

195 Uva kakhulu malunga naLonto yokuba nguThixo olungileyo. UnguThixo olungileyo, kodwa, ekulungeni, Umelwe kukuba ngolilungisa. Akukho kulunga ngaphandle kobulungisa. Akukho bulungisa ngaphandle komthetho, ngaphandle kwesohlwayo, isigwebo. Ngoko sikuloo yure, leyo siyiphilayo.

196 Qaphela, ngokukhawuleza ngoku, ezi demoni zingaphezu kwendalo. Ngoko, phantsi kwe—phantsi kwamancedo eSizwe esiManyeneyo, amaqela amanyeneyo ehlangane, elaseMpuma nelaseNtshona.

197 Kanye njengonyawo lokunene nelasekhohlo lwaloo mfanekiso uqingqiweyo wawubonayo uDaniyeli, indlela ekwakungenakuvumelana ngayo kwaye kuxubeke enye into nenye. Kwaye igama u-Eisenhower, ngelo xesha . . . u-*Eisenhower* uthetha “intsimbi.” U-*Khrushchev* uthetha “udongwe.” Kwaye wakhulula isihlangu sakhe wasibetha [UMzalwana Branham unkqonkqoza epulpitini—Mhl.] phezu kwedesika e . . . xa iSigqeba seZizwe, okanye i-U . . . kwi-UN. UKhrushchev wenza njalo, esivuthulula i . . . Owu, bethu! Iyure esiphila kuyo! Ibandla kunye nemeko yalo!

198 Kodwa, makubulelwe kuThixo, uMtshakazi omncinane uZilungisile. Akukudalanga. Bambelela nje. Akuyi kuba kudala. Andazi ukuba kuyakuba lixesha elingakanani na, andazi ukuba kunini na; akukho mntu uyaziyo loo nto. Kodwa thina siyazi ukuba kusondele ngoku, ngenene.

199 Khangela kwezeecawa. Khangela loo nto, ngokwasenyameni, ukuba yenza ntoni na kumaJuda. Yayingabantu ababebambelele emithethweni kaThixo. Akunamsebenzi nokuba zingaphi na iicawa ezavukayo, nantoni na eyenye, babemfanyekisiwe kuKristu, babambelela kulaa mthetho. Waze uThixo wabanika iingubo, ngamnye kubo, ’kuba behla ngokubulawelwa ukholo. Yabona? Ba—ba . . . Babemfanyekiswe ngesizathu sethu.

200 Apha ngoku, iBandla, ekungekho nto liyaziyo ngaphandle kweBhayibhile. Nokuba yinkqubo yemfundiso zeecawa, ihlelo, akukho nto bayaziyo ngaloo nto. Yinto engaqhelekanga yonke leyo kubo. Bazi Yena, Kwaye Yena yedwa.

201 Abantu namhlanje babufana noPetrosi kunye nababenjalo, phezu kweNtaba yoGuqulo. Bathabatheka

kakhulu xa babona okungaphezu kwendalo kusenzeka, waza omnye wathi, “Sizakwenza icawa ibenye ya—yabaprofeti, enye ibe yekaMoses.”

202 Yaye yiloo ndlela abantu, beenkozo zakwaMoya benzayo. Bathi, “Siyakwenza ibenye, i-Assembly of God; nenye, ibandla likaThixo; nenye, uBunye; nelinye, uBubini,” njalo njalo ngolo hlobo.

203 Kodwa xeshikweni esathetha, uYehova wakhwaza, “Lo nguNyana Wam oyintanda,” OliLizwi, “mveni Yena!” Yabona? UliLizwi.

204 Iyure esiphila kuyo, iimfundiso zeecawa, zemimoya ehlanganisanayo kunye ngoku ibazisa bonke koku kuxhelwa kunye kukhulu, ukuze kucinywe kuthi tu. Sele ikumbhalo apha, kwesi sizwe ngoku, yokuba la mabandla amelwe kukuvalwa ngaphandleni kokuba ukunye nombutho. Lumanyano, lukwayo, kanye nje ngokophawu lwerhamncwa.

205 Kwaye ngoku niyabona ukuba liyintoni na irhamncwa, aniliboni? Ngamandla. Kwaye amandla, amandla ezenkolo, uYesu wathi, “Ayakusondela afane kakhulu nento eyinene, alahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Kodwa Wathembisa ukuba uyakuba nento ethile apha asibekele yona ngaloo mhla, yokuba singabinakulahlekiswa, kwaye loo nto ke liLizwi, noKristu ukuze alenze Libonakalaliswe kuthi. Zezingaphezu kwendalo, iidemoni, ezingabonwayo ngeliso, kodwa ungazibona into eziyenzayo. Yabona?

206 Qaphela, ngeli thuba elo qela liphalisayo, elilungiselela ukunyathela yonke into engayi kuvumelana nalo, likho elinye iqela elilungiswayo, emva kwethuba, iZityhilelo 19. Ngelixa elilandelayo kusiviwa ngeBandla, Liyeza, ngokunjalo, lingekho phezu kwamahashe ncam, kodwa iBhayibhile ithe, “Wayephezu kwehashe elimhlophe, kwaye nomkhosi weZulu wawumlandela Yena uphezu kwamahashe amhlophe.” Oko kunjalo?

207 Ngeli thuba eli qela apha ezantsi linamawaka amabini libotshiwe emlanjeni ongum-Efrati, kwaye libotshwe iminyaka engamawaka amabini, nayo lacawa yawubopha uMoya oyiNgcwele phantse iminyaka engamawaka amabini, phantsi kokubulawelwa ukholo kudala phaya, kwaye naphantsi kwezigaba zebandla. Ububotshiwe, kungekuko emlanjeni ongum-Efrati, kodwa kumnyango wemigaqo neemfundiso, ukuze uMoya oyiNgcwele ungabi nakusebenza ebandleni ngenxa yeenkqubo ezenziwe ngabantu. Kodwa Yena uyakukhululeka, Uyabuya, yilonto iBhayibhile eyitshiloyo. Kwaye abo babini badibana kwithafa lemfazwe, uLusifa noMikhayeli kwakhona, njengasekuqaleni. Babebotshiwe iminyaka emawaka mabini, phantse, phantse amawaka amabini eminyaka.

208 Hayi amawaka amabini ncam, 'kuba amaRoma aqhubekela phambili, uTitus ngo A.D. 96, kwaye ukuhla ngolohlobo, wabulala amaJuda. AmaRoma! Ngobani ababulala amaJuda? Yayingubani uTitus? Injengele yamaRoma. Igazi laqengqa amasango ezantsi apho, ukunyuka kuye...owu, kwaye babaxhela bona, abafazi, abantwana, nayo yonke into. Akatshongo na uHezekile isi-9 ukuthi bayakuyenza lonto? "Yiya embindini wesixeko uze ubeke uphawu phezu kwabantu abancwinayo nabalilayo," u—uMoya oyiNgcwele. Kwaye abanye babo, "indoda engumxheli yeza," eyayisakube ibotshiwe; yababamba, yababamba, bade baqhubeka baze babulala yonke into eyayilapho. Abafazi abancinci, abafazi, abantwana, iintsana, nayo yonke enye into, babulawa bonke. Ngokuchanekileyo.

209 Nantsi apha kwakhona, iyaziphinda. Kwaye apha yilaa nkqubo yezenkolo isiza ibuyela, icinezela, inyhasha yonke into ebizwa ngoThixo. Owu, banazo iinkqubo zabo, nemibutho, namahlelo, kodwa oko akunanto yakwenza neBhayibhile. Bayakukuxelela kwakamsinyane ukuba abakholelwa nokukholelwa kuYo. Ewe, mhlekazi. "Yitsho oko ibandla likutshoyo."

210 Yilonto uThixo ayitshoyo! Elo liLizwi. UMtshakazi ukunye naMazwi; Banye. Bangaba Banye njani? Xa ela Lizwi, elibhaliweyo Phaya, libakuwe, kwaye likwenze—likwenze wena neLizwi nibe Banye. Yilonto kanye Awayithembisayo.

211 Ngoko, Iyatolika. UThixo akadingi toliki. Bathi, "Kulungile, siyalitolika Lona ngolu *hlobo*." Akunalungelo lokutolika nanto. UThixo Uyazitolikela. UThixo wathi, "Makubekho ukukhanya," kwaye kwabakho ukukhanya. Ngubani owatolika lonto? Wathi, "Intombi iyakumitha," kwaye yenza njalo. Oko akudingi nanye itoliki; selitolikiwe kade. UThixo wathi ezi zinto ziyakwenzeka kulomhla, kwaye iyilonto. Ayidingi mtoliki. Iyazitolika Ngokwayo. Owu, bethu!

212 IZithyilelo 9:1, phantsi kweXilongo leSihlanu, ukumkani wabo...Qaphela, IZityhilelo 9:1 ngoku, ukumkani weliqela likhulu wamahashe angamakhulu amawaka amabini. Babenokumkani phezu kwabo, kwaye, ukuba siyaqaphela, yayiyinkwenkwezi ewileyo. "UTheni na ukuwa emazulwini, Owu Khwezi?" Owu, indlela awathi ngayo uGqirha Smith wakuphixanisa ngako oko phaya, kodwa, konke kulungile, yabona, kwakungekuko okwexesha lakhe. Yabona? Konke kulungile. "Yayiyinzonzobila engenasiphelo; ukumkani wabo yayingukumkani wenzonzobila enganisiphelo."

213 IZityhilelo 17:8. Ndibhale into apha phantsi. Ndiza kuyifunda nje. Uyabona apha, kwiZityhilelo 17:8. Ndifuna ukubona ukuba ithini na apha, 'kuba andikwazi ukufikelela kule ilandelayo, 17:8.

Kwaye *irhamncwa owalibonayo laye likho, kwaye alikho; kwaye liza kunyuka liphuma enzonzobileni, kwaye* liya*kumka liye entshabalalweni: kwaye bayakumangaliswa abo bemiyo* phezu *komhlaba, abamagama angabhalwanga encwadini yobomi—yabo* u*bomi kuseloko kwabasekusekweni kwehlabathi, xa bali*bonayo *irhamncwa* elaye *likho,* eli*ngekhoyo, kwaye* likho *noko*.

214 Yabona, "lalikho," omnye upope uyafa, omnye anyuke. "Irhamncwa elaye likho, elingekhoyo, elikhoyo; elingekhoyo, elikhoyo." Aliyiguquli inkqubo yalo; yipope, ngaxesha linye, yonke into. Yonke into imelwe kukuhamba ngaloo nkqubo inye.

215 Kwaye kuyakufikelela phi? "Kwiinzonzobila ezingenasiphelo." Kwaye iBhayibhile intshilo apha, ukuthi, "Inkokheli yaba bafo yayiphuma kwiinzonzobila ezingenasiphelo, yaye lowo yayingukumkani wabo," kwaye uhleli enesithsaba esiphindwe kathathu, emanyanisa amaProtestanti ukuba abe kunye naye.

216 Ndeva umpristi womLuthere esithi, ngenye imini, wathi . . . okanye, umshumayeli wamaLuthere, wathi, "Kulungile, abantu bayandibuza ukuba kutheni na ndinxiba i—ikhola nje. Bangandiqonda njani phakathi kw . . ." Wawulapho? [Umzalwana uthi, "Ewe."—Mhl.] Ehe. Kwaye, loo nto, yayingebobudenge obo? Nda—ndaphantse ndaziva njengohlanzayo, ndemka eqongeni. Bathi, "Kuba, akumele kubekho mahluko."

217 Ukuba uLuther, uMartin Luther, angayiva loo nto, angaphethuka kwingcwaba lakhe, athi, "Bahanahanisi ndini, aningabo abo didi lwam." Uh-huh. Yabona?

Kodwa niyabona ukuba ifikelele phi na? "Akukho mahluko."

218 Ukhona umahluko. Kwahluka nkqu kumntu ngamnye. UThixo wathi, "Yahlulelani Mna, noPawulos noBharnabas," injalo loo nto, "baye emsebenzini." Yahlulani! UThixo ungumahluli, hayi umxubi. Umahl- . . . Ibandla lifuna umxubi onguyena ulungileyo, namhlanje, onokubavumela banxibe iisuti zokudada, neebhulukhwe ezimfutshane, nayo yonke enye into, baze baphume phandle baqhubeke nje ngolo hlobo. Kodwa uThixo uthe, "Yahlulelani Mna!" Zahluleni nina kwihlabathi!

219 IZityhilelo, siyafumanisa apha, ukuba, "ukumkani wabo wayephuma ezinzonzobileni ezingenasiphelo," kwaye kwa omnye lowo "waya entshabalalweni," ungena ephuma, angene ephuma, wemka.

220 Qaphela kwiLevitikus, isahluko sama-23, indlela ekugqibelele ngayo ukutolikwa ngokulandela ulungelelwano lweLizwi, ngalento sizama ukuyikhupha ngoku. Khangela

apha ngoku, ulungelelwano. Ngoku siyaqaphela. Masityhile nje ze sifunde nje okomzuzwana. KwiNtshum-. . . hayi kwiNtshumayeli, koko kwiLevitikus. ILevitikus 23, ngoku qaphela oku apha, iLevitikus isahluko sama-23 ngoku. Kwaye asifuni kuyiphosa le ndawo konke, ngoku, ukuze sibe nokuyifumana ngokuchanekileyo kanye ngale ndlela iNkosi yenze ukuba siyibhalelwe ngayo apha. Andiyifumani ngokuqinisekileyo iLevitikus kwi-Eksodus, ndingayifumana? Kulungile, iLevitikus ngoku. "Waze uYehova . . . " Ama-23.

> . . . *u*Yehova *wathetha kuMoses, esithi,*
>
> *Thetha* kubo *abantwana bakaSirayeli, uthi, Ngenyanga yesixhenxe, kusuku lokuqala enyangeni, noba nesabatha, isikhumbuzo sokuvuthelwa kwamaxilongo,* kunye *nentlanganiso engcwele.* Yabona?
>
> *Nize nenze* . . . u*msebenzi wokukhonza kuyo: kodwa* akusayi *kunikela* . . . iminikelo *eyenziwe ngomlilo ku*Yehova.
>
> . . . kwaye *niyakunikela umnikelo owenziwe ngomlilo ku*Yehova.

221 Ngoku khangela. Ngoku qaphela.

> *Waza Wathetha u*Yehova . . . *kuMoses, esithi, Kananjalo* ngo*lweshumi usuku* le*nyanga yesixhenxe kuyakuba ngumhla wokucamagusha:* . . .

222 Yabona, isicamagushelo sasilandela i . . . Khangela ngoku. Isicamagushelo sasilandela ukuvakaliswa kwexilongo. Yabona? Intle kanjani! Yabona? Umhla wokucamagushela wawulandela ixilongo.

223 Ngoku—ngoku, iintsuku ezimashumi mahlanu zamaxilongo, kuthi, zizekelisa xa ixilongo lavakalayo ngepentekoste, eyayingamashumi amahlanu eentsuku. Ngoku—ngoku—ngoku, emva koku, amaJuda ayala loo Nto.

224 Ngoku amaXilongo ngawokuwabiza abuyele kwesaSicamagushelo, yabona, iSicamagushelo abasalayo. Kwaye asala ukuze amehlo ethu abe nokuvulwa; awawo avalwa. Kwaye ngeli xesha, la Matywina avuleka, aze a—a—aMaxilongo avuthelwa. Kwaye ngoku, ekuvuthelweni kwamaXilongo, nje phambi kokuza kukaMesiya, 'kuba amelwe kukuba sePalestina. Kwaye uyakhumbula ukuba uThixo kwanyanzeleka ukuba ayenze lukhuni intliziyo kaFaro, ukuze awakhuphe eYiphutha; kwaye Umenze lukhuni uStalin, uMussolini, nabo bonke abo, ukuze awabuyisele kwilizwe ledinga, apho ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka limelwe kukuba khona.

225 Kwaye ngoku, okokuqala kumawaka eminyaka, kumashumi amabini anesihlanu amakhulu eminyaka,

ekubeni uSirayeli esisizwe eneflegi eyiyeyakhe, umkhosi ongowakhe, nako konke, kwaye uyabalwa kwi—kwi U.N. Kokokuqala okokuba ibekho loo nto. Eyona flegi indala yakhe yaphephezela phezu komhlaba, ngeli xesha, iyaphephezela kwakhona, ezintlanu . . . inkwenkwezi embombo-ntandathu kaDavide. Wathi Uyakuphakamisa loo mbasa-mqondiso ngemihla yokugqibela, xa ayakube ebuyela kwakhona. Sisekupheleni. Akukho mathandabuzo nje ngaloo nto. Silapha.

226 Qaphela ngoku, ngokukhawuleza, iSityhilelo se-9, phantsi kwexilongo lesixhenxe, "ukumkani wabo uphuma ezinzonzobileni ezingenasiphelo."

227 Ngoko kwiLevitikus, ngoku, indlela olugqibelele ngayo utoliko olu lapha ngeLizwi! Ngokuba, yabona, ngokukhawuleza kulandela, isikhumbuzo sepentekoste sasilandela umhla wesicamagushelo; ulungelelwano lwexesha lesidlo. Phakathi kwesidlo sepentekoste, ukuya kwisicamagushelo, isandi samaxilongo esicamagushelo, yayisisidlo sepentekoste, isithuba sexesha elide. Jonga, kwakukho isithuba eside sexesha phakathi kwesidlo sepentekoste, ukuya ekubizweni kwe—kwexilongo . . . ekuvakalisweni kwamaxilongo, a—amaxilongo ayakuvakaliswa; isithuba eside sexesha. Ngeliphandle, yayiziintsuku ezimashumi mahlanu, ukusuka kwi—ukusuka kwi—ukusuka kwisidlo sepentekoste ukuya kwisidlo sokucamagushela, yayingamashumi amahlanu eentsuku. Ngoku, amashumi amahlanu eentsuku azisabatha ezisixhenxe ngokuchanekileyo.

228 Kwaye iisabatha ezisixhenxe yiminyaka esixhenxe yebandla, iZigaba zeBandla. Niyayifumana? Yabona? Yabona? Ngoku, amaJuda ayemfanyekisiwe, elindile lonke eli xesha, ngeli thuba iziqhamo zokuQala zepentekoste zithululwe phezu kweBandla. Kwaye sihle saphumela kwizigaba zokubulawelwa ukholo, saze sehla saphumela kwizigaba zabahlaziyi, kwaye ngoku sikwisigaba sokubizelwa ngaphandle; ziziqendu ezithathu, uMoya omnye; njengoYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, ukwaMnye. Yabona? Kodwa, iZigaba eziSixhenxe zamaBandla, ziziisabatha ezisixhenxe.

229 Ngokuchanekileyo ziisabatha ezisixhenxe ukusuka kwi—ukusuka kwixilongo lesikhumbuzo sepentekoste . . . isidlo sesikhumbuzo sepentekoste, kude . . . Kube sekutshanga-tshangisweni kwesithungu, ukuze ibe sisikhumbuzo sepentekoste. Kuze ngoko ukusuka kwisikhumbuzo ukuya ekucamagushelweni ziisabatha ezisixhenxe, ngamashumi amahlanu eentsuku, kwaye ekupheleni kwamashumni amahlanu eentsuku sisi—isicamagushelo siyenziwa. Uyayifumana? Ngoku, kwaye lento ibingumzekeliso, wokuba iBandla . . .

230 Xa Wayetyhilwa, ngoKwakhe, njengoNyana kaThixo, xa ebetyhila kwiBandla elubhaptizweni loMoya oyiNgcwele,

ukuhla kuzo zonke izigaba, kuso i—isigaba sepentekoste, yabona. Lihlala lifumana okuthe chatha nokuthe chatha; ugwetyelo phantsi koLuther, ungcwaliseko phantsi koWesley, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele.

231 Ngoku apha lixesha lokubizwa kukhutshelwe ngaphandle. KwiTywina leSithandathu, xa li—xa livuleka, intshutshiso yabetha amaJuda, ngokwenene; kwaye naku apha kusiza intshutshiso kwibandla, ngokwesimo semfundiso yobucawa; ngokuba, uMtshakazi sele ebiziwe. Iisabatha zidlule, kwaye sekulungele ukubizwa kwamaJuda. Ayephi? Kwisidlo soCamagushelo. Owu, bandla, aniyiboni loo nto? Abizelwa kwisidlo soCamagushelo, (intoni?) ukuze aqaphele isiCamagushelo; hayi ingasengomantshontsho eenkuku namarhanisi, nento ababeyenza. "IMvana kaThixo, eyaxhelwa kususela ekusekweni kwehlabathi," uSirayeli uyakuyazi loo Nto.

232 Qaphela, nantsi into ebalulekileyo. Jonga! Owu, bethu! UMoya oyiNgcwele ububotshiwe ngamahlelo, yonke le minyaka imawaka mabini. Siyafumanisa, Ubunjalo. Ngoku qaphela iisabatha, iisabatha ezisixhenxe, babengakwazi ukuphumela phaya ngaphandle. I—iBhayibhile yathi, "Kuyakubakho umhla ongayi kuba bususuku okanye imini."

233 "Yaye sonke iSibhalo." uYesu wathi, "simelwe kukuzaliseka." Ingaba kunjalo? Yithani, "Amen." [IBandla lithi, "Amen"—Mhl.]

234 Umprofeti wathi, "Kuyakubakho imini engayi kubizwa ngokuba yimini nokuba bususuku, kodwa ngexa langokuhlwa kuyakuKhanya."

235 Yayiyintoni? Ilanga elinye elikhanya eMpuma ikwa lelolanga linye elikhanya eNtshona.

236 Lonke ixesha ela langa liphuma, linqumle lize litshone, lithetha ubomi bakho. Usana oluncinane luzalwa, lubuthathaka, ngentsasa. Malunga nentsimbi yesibhozo, luya esikolweni. Ngecala leyeshumi elinanye, liphumile esikolweni, kukutshisa kwemini. Lize liqalise ukutshona, ukuya kumashumi amahlanu eminyaka ubudala, amashumi amathandathu, amashumi asixhenxe, amashumi asibhozo, amashumi alithoba. Liyatshona ngaphaya lize life; ukanti liza kubuya kwakhona ngemini elandelayo, lize lithi, "Bukho ubomi, ukufa, ukungcwatywa, novuko."

237 Kwaye, qaphela, impucuko iye yahamba nelanga. Eyona mpucuko indala sinayo yiChina. Nawuphi na umntu uyayazi loo nto.

238 Wawa phi na uMoya oyiNgcwele? Kwilizwe laseMpuma, kubantu baseMpuma. Kwaye iVangeli ihambe kunye nelanga. Ivelaphi? Ivela ngaphaya eMpuma, yaya kungena eJamani, ukusuka eJamani yaya eNgilane . . . Iwunqumle kathathu

umjelokazi. IMeditera ukuya kungena eJamani, ukusuka eJamani . . . Ukusuka kwiMeditera, ukusuka eMpuma, ukuya kungena eJamani, ukuqumla kwiMeditera; ukusuka eJamani, unqumle uMjelokazi wamaNgesi, ukuya kungena eNgilane; ukusuka kuMjelokazi wamaNgesi, ukunqumla iPacific ukuwela ungena kwi . . . okanye i-Atlantic, ukuwela ukuya kungena e-United States.

239 Kwaye ngoku likuNxweme lwaseNtshona. Lisinqumle isizwe elasiphuculayo laza lawela, lahambela phambili. Impucuko ihambile; iVangeli ihambe kunye nayo. Ngoku bonke ubundlavini bukuNxweme lwaseNtshona, apho yonke into icholwa khona, njengokungena kwamaza omsinga.

240 Kodwa umprofeti wathi, "UNyana akayi kukhanya ngayo le mini; iyakuba yimini yongcwalazi." BabanokuKhanya ngokwaneleyo, ngokomhla onethayo ngenene, bebenako ukuzibandakanya neenkonzo, bakholwe kwiNkosi, nezinto ezilolo hlobo. Kodwa, wathi, "Ngexa langokuhlwa, amafu ayakudeda, amahlelo ayakunyamalala." Kwaye kwaloo Vangeli inye, kwa elo Lizwi linye lenziwe inyama, njengokuba Wathembisayo kuLuka 17:33. Kwaloo Vangeli inye, kwa nalonto inye, iyakwenzeka ngexa langokuhlwa, kanye xa amathunzi ehlayo. Kwaloo Vangeli inye, kwaloo Kristu mnye owaphila esenyameni ngaphaya ekuqalekeni, kubantu baseMpuma, uyakuphila kwakhona kubantu baseNtshona kwixesha lesiphelo. "Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa."

241 "Zonke iZibhalo zikhutshwe ngempefumlelo," yaye azinakwaphulwa.

242 Amashumi amahlanu eentsuku ezibalulekileyo zidlule. Isidlo sepentekoste sesidlule, iisabatha ezisixhenxe; kude kube ngamaxilongo, umzekeliso weSigaba seSixhenxe seBandla. Khumbula, khumbula, i . . . phantsi kweXilongo leSithandathu, umJuda . . . Nimamele? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Phantsi kweXilongo leSithandathu, a—abakwaMoya bala iBhayibhile; a—abadiki-diki, hayi abakwaMoya bodwa, bebonke. Ibandla lehlabathi liyamala uKristu kwaye Ubekwe ngaphandle. Kwaye kwiXilongo elinye . . . Kwaye iTywina elinye, gxebe, xa Lalivulwa; ukubonisa uYesu engaphandle kwebandla, ezama ukubuyela ngaphakathi; kwangelo xesha linye, iXilongo livakalela amaJuda, aze amaJuda asiqonde iSicamagushelo. Uzuko! Haleluya! Owu, bethu!

243 UMoya oyiNgcwele ububotshiwe yile milambo yamahlelo, isithuba esisondele kumawaka amabini eminyaka, kodwa ukhululwa ngexa langokuhlwa, ngoMyalezo wexa langokuhlwa. UMoya oyiNgcwele ubuyele eBandleni kwakhona; uKristu, ngoKwakhe, etyhilwe kwinyama yomntu, ngexa langokuhlwa. Watsho. Wayithembisa loo nto.

244 Kwakukho izigaba ezintathu zaloo nto, njengoko benditshilo. Abefeli-kholo, isigaba sokubulawelwa ukholo, abaloo nto; kuze kube sisigaba sabahlaziyi; ke ngoku lixesha lokubiza kukhutshelwe ngaphandle.

245 Xa kugqityiwe, kwiSigaba saseLawodike, ngokweZityhilelo 10, imfihlakalo yayo yonke iBhayibhile iyakwaziwa kuMtshakazi. Ingaba kunjalo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] IZithyilelo 10. Phulaphulisisani ngoku. Uh-huh. UMtshakazi, ubizelwa ngaphandle ngeLizwi; uKristu ngoKwakhe ebiza ekhupha uMtshakazi, ecacisa amaHebhere 13:8, ukuba Yena "ikwanguye izolo, namhlanje, naphakade," esenza kwa into enye, yinto enye. "Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye yena." Yabona? ULuka 22 . . . Okanye, uLuka 17:30, kunye kananjalo uMalaki 4, amaHebhere 4:12, zonke ezi Zibhalo kuthenjiswe ngazo, oku kuyakuba phakathi kweTywina leSithandathu neleSixhenxe, neleSithandathu kunye neXilongo leSixhenxe.

246 Isidlo sePentekoste sigqityiwa ngethuba leXilongo leSixhenxe, kuba into elandelayo kuKubuya kwe . . . ITywina leSixhenxe, kuba okulandelayo yimfihlakalo yoKubuya kukaKristu, kwaye, ngokunjalo, iXilongo livakaliswa kumaJuda. IXilongo lawo leSithandathu likhalile, kwaye, lakwenza njalo, lazisa kuwo uNyana kaThixo otyhiliweyo; isithuba sesiqingatha seyure. Khumbula, onke amaXilongo avakaliswa phantsi kweliTywina leSithandathu. ITywina lesithandathu ligqibezela imfihlakalo, phantsi kweTywina leSithandathu, kanye phambi kokuba eleSixhenxe livulwe.

247 Qaphela, apha yiLevitikus 23:26. Indlela esilandelelana ngayo kakuhle iSibhalo! Emva kwethuba elide lepentekoste, awathi uSirayeli wayala emva phaya; waze Yena wabiza iBandla leNtlanga walikhupha, ngesi sidlo sepentekoste. Bangaphi abayiqondayo into esiyiyo isidlo sepentekoste? Sisiqhamo se . . . sisiqhamo sokuqala sesivuno, isiqhamo sokuqala sovuko, isidlo sepentekoste.

Ningayiphosi lento, bantu! Kwaye, nina baphulaphule iteyiphu, phulaphulisisani!

248 Eli ibilixesha lesidlo sepentekoste. AmaJuda ebekwinzolo; ayeSalile. Ngoku amelwe kukubizwa abuyele kwiSicamagushelo. Siyazi ukuba yayinguBani na iSicamagushelo; ayengazi wona. Kwaye iXilongo likhalile, emva kwesikhumbuzo sepentekoste, labiza amaJuda ahlangana. Aniyiboni indlela elathi ngayo ela Xilongo, lentshutshiso phantsi koHitler kunye nabo, lahlokoma? Aze amaJuda anyanzeleka ukuba ahlanganisane ndawonye, ukuzalisekisa iZibhalo.

249 Ngoku niyayifumana? Bonke abayifumeneyo, mabathi, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kuhle. Kulungile.

250 Qaphela apha kwiLevitikus, ama-26 ngoku, ulungelelwano lweZibhalo. Emva kwethuba elide lepentekoste, eliphela ekubizweni kukhutshwe uMtshakazi, uMtshakazi ubizwa ngomkhonzi. ONgowaliweyo, okulandelayo, uyakwazeka kuSirayeli, isidlo sokuCamagushela. Qaphela, apha ikwanye njengakwiLevitikus isahluko se-16, ngoku, xa Wamisela isidlo sepentekoste . . . okanye isidlo sokucamagushela, kodwa kule ndawo ayabizwa . . .

251 Owu, indlela egqibelele ngayo! Yifumaneni, bashumayeli. Yabona? Ningayiphosi, balungiseleli.

252 Kwesi sidlo sepentekoste, sona sithe samelwa kwiLevitikus 23:26, okanye kuma-23 nama-24, sisidlo sokuzila, hayi ukuxhela, kwesidlo. Isidlo sasixhelwa . . . Isicamagushelo sasixhelwa, gxebe. Isicamagushelo sasibulawa. ILevitikus 16, ngokuchanekileyo iyangqamana naloo nto. Kuphela, kule ndawo, kubizelwa uSirayeli kwinzila ngenxa yezono zakhe. Igqibelele kanjani, namhlanje! Asikokubulawa kwakhona kwaSo; nto leyo, uMoses wayizekelisayo, ngokubetha iliwa okwesibini; ayizange isebenze. Asikokuxhelwa, okwesidlo; koko yinzila, yokwaliwa kweSicamagushelo. Owu, bethu! Eli iyakuba liXilongo; isidlo, saliwe, aze uMesiya wawo aziswe.

253 Qaphela, ayakumazi uMesiya wawo xa embona Yena. Uza esemandleni, ngeli xesha, Lowo babemlindele. Uza esemandleni, esiza kuMtshakazi weNtlanga, aye amaJuda eya kumqaphela Yena. Kwaye ngoko iBhayibhile ithi . . . Sigqiba nje ukushumayela kuyo apha, malunga neenyanga ezintandathu ezidlulileyo, okanye ngaphezulu. IBhayibhile ithi, xa besithi, "Uwafumene phi na Wena loo manxeba?" Bangaphi abawukhumbulayo loo Myalezo? Phakamisa isandla sakho. Ngokuqinisekileyo, wena . . . Yabona? "Wawafumana phi na Wena loo manxeba?"

Wathi, "Endlwini yabazizihlobo Zam."

254 Niyakhumbula ndishumayela nge—ngexesha apho uYakobi wayethumele abantwana bakaSirayeli ezantsi apho ukuya kufumana into, nokudla nento, nendlela awathi ngayo uYosefu wenza ngokungathi wayengabazi; nayo yonke indlela ezi zinto zaqhubeka ngayo, waze ke wazazisa? Niyakhumbula? Yaye babesoyika kakhulu, baqala ukulila. Kuyafana nengxaki kaYakobi.

255 Kwaye apha sifumana amaJuda ephantsi kwentshutshiso; akazi ukuba emi phi na ngoku, kodwa ayabuyela.

256 Kwaye xa bebona isiCamagushelo sivela, iBhayibhile ithe, "Xa basibonayo," bathi, "bayakuzahlula indlu kwenye, balile iintsuku, njengo—njengosapho olulahlekelwe ngunyana walo ekuphela kwakhe. 'Uwafumene phi na loo manxeba?'"

Wathi, "Endlwini yabazizihlobo Zam." Yabona?

257 Khumbula, uMtshakazi sele eseZulwini; umfazi kaYosefu wayesebhotwe. Kwaye uYosefu wagxotha yonke into emngqongileyo, waza wazazisa kubantakwabo; uyabona, uMfazi Wakhe nabantwana nabanye babesebhotwe xa Ebuyela ukuZazisa kumaJuda. Naso isiCamagushelo. Nako okwakho ukuvakaliswa kweXilongo. Nako apho bathi khona, "Owu!" Yintoni na? Naso iSicamagushelo. "Avela phi loo manxeba?" Yiyo leyo.

"Endlwini yabazizihlobo Zam."

258 Khumbula ukuba bathini na abantakwabo Yosefu? Kutheni, bathi, "Ngoku sizakubulawa, ngokuqiniseke mpela. Sikwenzile oko. Senze ububi obunjengobo."

259 Wathi, "Hayi, uThixo wenze lento ukusindisa ubomi." Niyalikhumbula ibali, kwiGenesis? Yabona? Yabona? Ke ingaba uyenze ngale ndlela, ukuze asindise ubomi beNtlanga, uMtshakazi. Wathi, "Ndiwafumene endlwini yosisihlobo saM; kodwa ningabi namsindo, yabona, ningoyiki ngenxa yenu."

260 Bathi, "Owu, bethu! Ingaba ngenene sakuphosa ukuMbona? Ingaba okuya yayisisiCamagushelo, sibe siSiphosile? Owu Thixo!" Baze bathi, "Bazahlula nje, baza bazila iintsuku." Yintoni? ISicamagushelo; usizi. Ngeli xesha, kukuza kokwaziswa, iSicamagushelo, ayisosicamagushelo siqhelekileyo sixhelwayo, njengakwiLevitikus 16. Koko kwiLevitikus 23 lixesha lenzila, ngenxa yezono zabo. Kwaye, izono zabo zazikukuba, babe Salile.

261 Owu, aniboni ukuba siphi na? Aniboni ukuba kutheni na lento kungekho nto ayithethayo kuthi la maXilongo? Onke avakaliswa phantsi kweTywina lethu leSithandathu. Niyabona ngoku ukuba kutheni na uMoya oyiNgcwele ebengandivumeli nje ukuba ndiyithethe? Kwaye uBawo oseZulwini uyazi, ngale Bhayibhile iphambi kwam, leyo yiNyaniso. Bendingayazi kwade kwayizolo, usuku phambi kwayizolo; kwigumbi lam phaya apho athe Wayityhila khona, weza kum waza wathetha nam. Ndibuyile, ndathi, "Mfazi, ndiyifumene ngoku. Uhlangene nje nam ngaphakathi phaya waza wandixelela. Yiyo le, sthandwa." Yabona? Yabona, yiyo leyo, yabona, ngokungqinelana okugqibeleleyo.

262 Owu, bantu bangaphandle Kwakhe, ngenani ngokukhawuleza! Kusenokuba lithuba lokugqibela eniyakuze nibe nokuba nalo. Anazi ukuba Usenokufika xesha nini na.

263 Isidlo samaxilongo. IBhayibhile ithi, "Baya kuzahlula, omnye komnye, baze bathandaze kwaye balile, ngenxa yokuba ngokomntu xa elahlekelwe ngumntwana okuphela kwakhe."

264 Khangela, ndifuna ukuthetha into ibenye ngaphezulu. Ngokusondeleyo ngoku; ningayiphoswa lento. Yothusa kanjani! Ukusuka kowengelosi yesixhenxe (umthunywa

weTywina leSixhenxe) uMyalezo kwiZityhilelo 10, wawuliTywina leSixhenxe, ukuya kuMaxilongo aSixhenxe, phakathi kwaloo maxesha mabini . . .

265 Owu Thixo, singayithetha njani le Nto, ukubenza abantu babe nokuYibona?

266 Iphakathi kwelaXilongo leSithandathu, kwaye iXilongo leSithandathu ne . . . IXilongo leSithandathu neTywina leSithandathu avakaliswa ngexesha elinye. Kwaye phakathi kweXilongo leSithandathu neXilongo leSixhenxe, kukho umprofethi ovelayo phambi kweeNtlanga, ukuze abize abantu babuyele kwiMfundiso yakuqala yepentekoste; aze ke amangqina amabini eZityhilelo 11 avele kumaJuda, ukuze awathumele kuYesu, ngeli thuba iBandla linyuselwa ngasentla. Bebonke, ngabaprofeti! Amen! ILizwi leNkosi alinakwaphulwa. Alisayi kuba lihlelo! Niyayibona?

267 Funda eNcwadini yakho apha uze ubone ukuba okuya kuphakathi kweXilongo leSithandathu neleSixhenxe ayingeniswanga apho na, yenza amaJuda abizwe akhutshwa phakathi kweSibetho seSithandathu neseSixhenxe, size siwelele kwela khulu linamashumi amane anesine lamawaka (uyayikhumbula loo nto?), ekwakuphakathi koko. Niyakhumbula? Phakathi kwe—kwe—kweleSithandathu, iTywina leSihlanu neTywina leSithandathu . . . Phakathi kweTywina leSithandathu neTywina leSixhenxe, kwabakho ukubizwa kukhutshwe ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka. Niyayikhumbula loo nto? Ngoku nako apho la maxilongo angena khona kanye apho, yabona, kunye nentshutshiso, namahashe ekhululwe apho.

268 Kuze, phakathi koko, ngoko kwakuza kubakho uMyalezo wengelosi yesixhenxe, owawushunyayelwe kwaye ugweba abenkonzo zakwaMoya. Kwaye uYesu wayebekwe ngaphandle; wayengasayi kuba nantsebenziswano kunye nabani, uyakubekwa ngaphandle, aliwe. IBhayibhile itshilo njalo. Kuba, nguKristu ebonakalaliswe phakathi kwethu, uYesu ephakathi kwethu sonke, ebonakalaliswe kubunyulu beLizwi Lakhe, eLazisa. Kwaye ukuba oko . . .

269 Le asiyonto nje iqwetyiweyo, zihlobo. Lo ngu ITSHO INKOSI, iSibhalo.

270 Kwaye kwangelo xesha linye . . . Ngoku, kwamsinya xa eli Bandla (uMtshakazi) lihlanganisiwe, Liyenyuswa; kwaye loo mfihlakalo yeTywina leSixhenxe, okanye iTywina leSixhenxe, imfihlakalo yokuhamba. Kwaye amaJuda abizwa ngemfihlakalo yeXilongo leSixhenxe, elingabaprofeti ababini, u-Eliya noMoses, kwaye bayabuya. Kwaye naku apho bonke abenkonzo zakwaMoya babhideke khona; bajonge into ethile ezakwenzeka; iBandla selimkile. Kwaye loo nto iya kumaJuda.

271 Ngoku, ndiva ndikwingqondo yomntu othile, kusithi, "Ayinakuba nguMoses lowo." Ewe, nguye. Ngoku, ukhumbule, Unako ukundixelela iingcinga zakho. Uh-huh. Uh-huh. Ndihleli ndiyiva loo nto iphi-. . . Kulungile.

272 Mandikulungiselele loo nto. YayinguMoses. Kuba, nantsi ingcinga yakho. Uthi, ukuba, "UMoses, ayinakuba nguMoses, 'kuba uMoses wafa." Ucinga ukuba ngu-Eliya. Ngu-Eliya, yinyaniso. Xa, ucinga, "Ngu-Enokhi." Uthi, "UMoses sele wafayo." Kodwa, khumbula, wayenako ukubuyela ebomini kwakhona. Wabuyela. Kumakhulu asibhozo eminyaka mva, kumakhulu aliqela emniyaka mva, wavela phezu kweNtaba yoGuqulo. Uthi, "Emva kokuba umntu efile nya?" Ewe, mhlekazi. ULazaro wayefile; wavuswa kwakhona; kwaze kwafanela ukuba makafe kwakhona. Yabona? Ngokuqinisekileyo. Uh-huh. Kwaye nkqu nabangedawo bayakuvuselwa ebomini kwakhona, baze ngoko banyanzeleke ukuba bafe ukufa kwesibini. Ingaba kunjalo? Ngoko ke yikhuphe loo nto engqondweni yakho. NguMoses. Khangela kulungiselelo lwakho, ngokuchanekileyo yiloo nto uMoses no-Eliya bayenzayo; bavala amazulu baza batshiza umlilo phezu kwalo. Uyazi ukuba yintoni na abayenzayo.

273 Cinga ngayo! Lixesha lesiphelo, bakuthi. Haleluya! IMini enkulu yeNkosi isondele. Zihlanganiseni nina ndaweninye. Isidlo sikaMesiya; bayakumala Yena, baze bafumanise ukuba nguye uMesiya wabo. IBhayibhile ithethile ngazo ezothusayo izinto njengale ziyakwenzeka.

274 KwiZityhilelo 11, ukubiza, ulungiselelo lwabo luyakuba lulungiselelo lukaMoses no-Eliya lubiza uSirayeli, aphume kwizithethe zobuJuda; kanye njengokuba uMyalezo wesithunywa sesixhenxe wambizayo uMtshakazi ukuba aphume kwisithethe senkonzo kaMoya. Khumbula, uMoses no-Eliya bazakubiza uSirayeli bamkhuphe kwisicamagushelo sakudala sexhwane, nemvu, negazi, neebhokwe, nedini, ukuza kwiDini lenene eliphilileyo, eLizwini.

275 Kwaye uMyalezo wesithunywa sesixhenxe, phantsi kwelo Xilongo linye, into enye yonke ngokuchanekileyo, iTywina elinye, loku (thini?) biza abantu, uMtshakazi, uphume kwabakaMoya nakwizithethe zehlabathi, ukuya kwiSicamagushelo senene, iLizwi, uKristu elinganiswe apha kwiLizwi Lakhe, enziwe inyama phakathi kwethu. Inzululwazi iyiqondakalalisile loo nto, ngemifanekiso. Ibandla liyayazi, ehlabathini jikelele. Siyayazi ngokuqinisekileyo, kuba Akazange akhe asixelele nento enye ku ITSHO INKOSI koko ibe yiNyaniso. Akazange Athi, phaya ezantsi emlanjeni, "Njengokuba uYohane umBhaptizi wathunywayo, uyakuba njalo lo Myalezo . . . "

276 Ndakukhangela phezulu, yabe iyintsimbi yeshumi elinesibini entloko. Iyure yenzulu zobusuku ilapha, zihlobo, phezu kwethu. Yabona indlela esigqibelele ngayo iSibhalo? Ngokugqibeleleyo, indlela Esithi . . .

277 Loo nto, khangela, ayisayi kuba ngumbutho othile oyakuhla uye apho ubize amaJuda. Iyakuba ngamadoda amabini, uMoses no-Eliya. Bobabini, abaprofeti.

278 Ngoku khangela. Ukubiza iiNtlanga, uMtshakazi ngaphandle, Wathembisa kuMalaki 4 ukwenza kwaloo nto inye.

279 Kwaye iBhayibhile ithe Uyakukhutshelwa ngaphandle kwebandla, kwiSigaba seSixhenxe seBandla. Uyakukhutshwa ngaphandle kwebandla. Liyakuba mnyama ngokupheleleyo, lihambe . . . Liba mnyama xa kuphi? Lingena kule nkqubo yeecawa, kwibhunga lezenkolo, iBhunga leeNkonzo zeHlabathi. Lona . . . Yena ubekelwe ngaphandle ngokupheleleyo. ILizwi Lakhe, abanakuvumelana naLo. Niyazi ukuba abanako. Abavumelani nkqu namaqela amancinane wabo angawasekuhlaleni; bangavumelana njani kuloo Nto? Ngoko, bathabatha olunye uphawu lwerhamncwa, umfanekiselo kwirhamncwa. Khumbula, iBhayibhile ithe, "Kwenziwa umfanekiselo kwirhamncwa."

280 Kwaye le-United States ihleli ilinani leshumi elinesithathu. Yaqala ngezizwana ezilishumi elinesithathu, iikoloni ezilishumi elinesithathu; iinkwenkwezi ezilishumi elinesithathu, imigca elishumi elinesithathu; inani elilishumi elinisithathu, kwaye isoloko ingumfazi. Ivela kwisahluko seshumi elinesithathu seZityhilelo. Kwaye, kuqala, yimvana; ukululama, inkululeko yokuthetha, inkululeko yonqulo, njalo njalo; baze bamkela amandla, baza bathetha ngalo lonke igunya elalinalo irhamncwa elingaphambi kwalo. Yintoni leyo? Yayiyintoni irhamncwa? YiRoma. Yabona, yayinophawu, umfanekiselo werhancwa, yavuka yachasana neBandla lenene likaThixo. Phantsi kwamahlelo lawo, ayakuyizisela isibetho lento! Kodwa, xa beqalisa ukuyenza loo nto:

> IMvana iyakumthatha uMtshakazi Wayo abe secaleni Layo ngonaphakade,
> Wonke umkhosi weZulu uyakuhlanganiswa;
> Owu, iyakuba ngumbono ozukileyo, bonke abangcwele bekwezimhlophe ezingenachaphaza;
> Kunye noYesu bayakudla Naphakade. Amen!
> "Yiza udle," iNkosi iyabiza, "Yiza udle." Amen!

281 Enjani yona imini esiphila kuyo, iyure! Balekani, bantu, sindisani ubomi benu!

282 Qaphela ngoku, ekuvaleni, ulungiselelo njengolwengelosi yesixhenxe. Amangqina amabini, phantsi kweXilongo leSixhenxe, nje phambi . . . okanye, iXilongo leSithandathu, kanye phambi kokuba iXilongo leSixhenxe ligqi- . . .

283 Ngoku, khumbula, kwaye ndanixelela ukuba ndiyakukuzisa oku, "iXilongo eliKhulu." Wathi, Uyakwenza ntoni,

ngaphaya apha ku-Isaya? Wathi, e. . . "IXilongo eliKhulu liyakuvakala. IXilongo eliKhulu!" Hayi aMaxilongo ngoku, isidlo samaxilongo; babini bona, uMoses no-Eliya, ukuza kubiza iXilongo. Kodwa, phantsi "kweXilongo eliKhulu," uKuza kweNkosi, ukuza kuvakalisa ukubuya kukaYosefu, yabona, ukuze zonke izizwe zihlangane eJerusalem. Amen. Loo nto uyifumana kwiNcwadi ka-Isaya. Ndisandula ukukunika yona, kwithuba elidlulileyo, kwesinye sezo zahluko sizifundileyo; iku-Isaya 18:1 ne-3. Kwaye ku-Isaya 27:12 ne-13, kulapho Avakalisa eliya, "Xilongo," kwaye zonke izizwe ziyakumqaphela uSirayeli elizweni lakhe, uThixo ekunye naye.

284 Ngoko uMtshakazi uyakuza abe kunye noMyeni, noMyeni abe kunye noMtshakazi; kuze ke kulandele iMillenium enkulu, emva kokuba ihlabathi lonke litshatyalaliswe ngamandla e-atom. Kwaye kuya kubakho "amazulu amatsha nomhlaba omtsha," siphile ngonaphakade.

285 Khangela, kanye phantsi. . . Ngoku qaphela, ulungiselelo lukaMoses no-Eliya luyakuba. . . Ngoku, uyayiqonda wonke umntu? Mandiyitsho kwakhona. Ulungiselelo lukaMoses no-Eliya, phakathi kweleSithandathu neleSixhenxe iXilongo, iyakuba ngabaprofeti ababini abaya ku. . . bona. . . uSirayeli usoloko ekholelwa kubaprofeti babo.

286 Ngoku, kwakutheni ukuze uMoya oyiNgcwele athi kum xa ndaqalisayo phezulu ukuya phaya, ukuya kubabonisa ukuba Yena wayenguNyana kaThixo, athi, "hayi okwangoku"? Niyayikhumbula loo nto, malunga neminyaka emihlanu eyadlulayo, kwindlela yam yokuya e-India? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Wathi, "Musa ukuyenza loo nto."

287 Ndathi, "Bathi, 'Ukuba lo nguMesiya, masimbone Yena esenza umqondiso womprofeti. Siyabakholelwa abaprofeti.'"

288 UMzalwana uLewi Pethrus nabanye abo bandithumela ezo Bhayibhile; xa banika isigidi sazo besikhuphela loo maJuda ephuma esuka e-Iran nakuyo yonke indawo, ebuya, ezihlanganisa ndaweninye, esiba sisizwe.

Ndacinga, "Eli lixesha lam." Ndandilungele. . . iCairo, i-Egypt.

289 Wathi, "Musa ukuyenza ngoku. Iyure ayikafiki." Ngoko ndabuyela ekhaya. Uh-huh. Owu, bethu!

290 UMoses no-Eliya bamelwe kukuya kubiza. Isikhumbuzo sepentekoste sisaqhubeka, okanye ibiqhubeka kwade kwaleli xesha. Yabona? Ngoku isidlo samaXilongo simelwe kukwaziwa. Kwaye lo ungapha kaMalaki 4 akanxibelelananga nalo ungaphaya; konke konke, konke konke. Qaphela, khangela apha, ulungiselelo luyakuba nguMoses no-Eliya, bejika bebiza uSirayeli bemkhupha kwizithethe zobuJuda, phulaphula, ukusuka kwizithethe zobuJuda abathe bazixuba kuzo. Ngokuba bengabaprofeti, bayakukholwa—bayakukholwa kuye,

bababizele kwisidlo soCamagushelo, uKristu, esenza ukuba bamqonde uKristu. Bayakuthi, "Uyeza. Uyakuba lapha." AmaJuda ayakuhlangana, izinto ezinjalo.

Aze athi ukufika Kwakhe, athi, "Ndim Lo." Yabona?

"Wawafumana phi Wena loo manxeba?"

"Endlwini yabazizihlobo Zam."

291 Ngoku, yinto enye nale yenziwa ngabo baprofeti babini! Khumbula, uMtshakazi weNtlanga ufanele ukuba nomprofeti, obizwa ngokuba ngu-Eliya, u-Eliya, oyakuzibiza ziphume kwizithethe zazo, uMtshakazi; kanye ngokufanayo naba baprofeti babize amaJuda bawakhupha kubuJuda, bawasa kuKristu, iSicamagushelo. Kwaye iiNtlanga sezisazi iSicamagushelo, kodwa kukubiza uMtshakazi abuyele kwiSicamagushelo sokuqala, apho laa (mashumi mahlanu) eesabatha zithe . . . Zonke ezi sabatha zisixhenxe abathe bemka kuzo; babizwe babuyele ekupheleni kwexesha. Isixhenxe . . . Phulaphula! Umnthunywa weBandla leSixhenxe, umthunywa weXilongo leSixhenxe, bonke ngabaprofeti. Ngoku, injalo loo nto.

Kufakwe phakathi, likhulu elinamashumi amane anesine lamawaka.

292 Ukubiza, aMatywina, awayesiya kwiiNtlanga. Ayemelwe kukuya kwiiNtlanga, ukuya kutyhila kwiiNtlanga, ukuze kubonwe iBandla leNtlanga. Koko konke esikwaziyo. Koko konke esiphulaphula kuko; oko sekwenzekile. Sikhangela uYesu.

293 Uthi, "Ngoku, yima umzuzu, Mzalwana uBranham, ndiyakholwa ukuba bayakwenza *oku*."

294 Umqondiso wokugqibela awathi u-Abraham . . . Kwaye thina siyiMbewu yobukumkani ka-Abraham; uMtshakazi. Umqondiso wokugqibela awathi u-Abraham wawubona phambi kokuba umqondiso othenjisiweyo ufike . . . unyana wesithembiso eze, wawuyeyintoni? UThixo, ekwimo yomntu, wayenakho ukucalula iingcinga zabantu; indoda enye, hayi isininzi; indoda enye, nokuba kungakanani ukulinganisa. Babenaye eMnye, kwaye Wazicalula iingcinga ezazilapho. Intoni? Kwaye, into elandelayo eyenzekayo, u-Abraham noSara babuyela emva bangumfana nomfazi osemtsha. Siyayazi loo nto.

295 Ngoku, ndiyazi ukuba loo nto ibunikrwitsha kancinane ngoku. Kodwa, khumbula, ukuze nje niqiniseke ngokwazi ngoku . . . Awuyifundi *kanje* iBhayibhile; ufunda phakathi kwemigca uze ubone, wenza umfanekiso uphume.

296 Khangela. USara wayelixhegokazi, iBhayibhile itshilo. Yena, bona . . . "Isizalo sakhe sasifile." Ingaba kunjalo? "Ubomi buka-Abraham babufile ngaphakathi kuye, imbewu yakhe." Ingaba kunjalo?

297 Ngoku, khumbula, imbewu ka-Abraham yayifile. Kumashumi amane eminyaka emva koko wafumana oonyana abasixhenxe ngomnye umfazi. Wenza ntoni Yena? Waguqula imizimba yabo.

298 Khangela, bathabatha uhambo lwamakhulu amathathu eemayile, ukuhla ukuya eGerare, uhambo olude kakhulu kwixhego. Bathi . . .

299 NoSara nakubeni wacinga ukuba babengenakho ukuba nomanyano losapho. Wathi, "Mna . . ." Amashumi amabini eminyaka nangaphezulu, mhlawumbi, ngaphambi kokuba babe baba nonxibelelwano losapho. Wathi, "Mna ixhegokazi, nenkosi yam, kananjalo; sizonwabise kwakhona, njengabantu abatsha?"

Wathi, "Ingaba kukho into enzima na kuThixo?"

300 Qaphela ukuba kwenzeka ntoni na. Kwamsinya wajika wabuyela waba ngumfazi othandekayo osemtsha. Kubonisa, khona apho, kuzoba oko Ayakukwenza kwiMbewu yobukumkani ka-Abraham, ukwamkela uNyana ekwakuthenjiswe ngaye. Wabuyela ekubeni ngosemtsha . . .

301 Khangela, behla baya eGerare. Kwaze kwenzeka ntoni? U-Abhimeleki, ukumkani, wamthanda, wathi, "Ufanelekile kwaye emhle," kwaye wayezakumtshata. Akunjalo? Umakhulu omdala; kwaye onke loo mantombazana mahle ezantsi phaya. Umakhulu, "Mhle. Ufanelekile ukukhangeleka." Yabona?

302 UThixo wawuguqula umzimba wakhe, waze wababuyisela emva. Yimfihlakalo emelwe kukutyhilwa ngoku ngalo mhla, nguNyana womntu, yabona, uMyalezo wangokuhlwa. Yabona? Babuyiselwa emva! Kwaye lowo yayingumqondiso wokugqibela abawubonayo, wawu (yintoni?) kokwakucalula, phambi kokuba kufike ukuguqulwa komzimba.

303 Kwaye phambi kokuba sibe samkela uNyana, kwenzeka ntoni? "Ixilongo likaThixo liyakukhala; abafele kuKristu baya kuvuka kuqala, umzimba omtsha; zise sithi thina basaphilayo siyakube sisekho siyakujikwa, ngesiquphe, ngokuphanyaza kweliso," haleluya, "size sixwilwe sinyuswe sonke, ukuya kuhlangana neNkosi esibhaka-bhakeni." Imfihlakalo yazisiwe; aMatywina avuliwe

304 IXilongo likhalele uSirayeli; abaprofeti ababini sebe lungele ukuvela. Yintoni na? IBandla limelwe kukunyamalala lisuke khona ngoku, ukuze bona babonakale. Akanakusebenza ngababini ngaxesha linye; Akazange enze njalo. Yabona?

305 Owu, mzalwana, jonga! Ngokuchanekileyo, ukubiza bonke, ukubabizela ngaphandle kwamahlelo nezithethe. Ngoku siyasibona isigaba sepentekoste siphelile.

306 UMtshakazi umelwe kukuthi gu bucala, ukuze enyuke ngoku; ukuze aba bakhonzi babini, abakhonzi ababini bakaThixo, kwiZityhilelo, abaprofeti ababini, babe nokuvela babonakale, ukuza kuvakalisa iXilongo leSixhenxe kuwo, bamazise kubo uKristu.

307 Ingelosi yesixhenxe, umthunywa, uthi, "Nantso iMvana kaThixo ethabatha isuse isono sehlabathi!" Hayi, "nantsi

iWisile yam, iBhaptizi yam, inkonzo kaMoya yam." Koko, "ILizwi, uNyana kaThixo, iMvana kaThixo ethabatha isuse isono sehlabathi," kuba akukho ziseko zimbi zikhoyo! Uyabona?

308 Lingakanani ixesha esinalo? AmaJuda akumhlaba wakubo. UMtshakazi ubiziwe. NgokweSibhalo, yonke into ngokuchanekileyo injengoko Wayekuthembisile. Sesilungile. Iyure ilapha.

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
Imiqondiso eyaxelwa ngaphambili yiBhayibhile;
Imihla yeNtlanga ibaliwe, ngokuhlungisa okuxakisayo;
Buyani, Owu bachitha-chithiweyo, niye kokwenu.

Umhla wentlangulo usondele,
Iintliziyo zabantu ziyaphela kukoyika;
Zaliswani nguMoya kaThixo, nibe nezibane zenu zilungisiwe zikhanya,
Khangelani phezulu, ukuhlangulwa kwenu kusondele!

Abaprofeti bobuxoki bayaxoka, iNyaniso kaThixo bayayiphika,
Yokuba uYesu Kristu nguThixo wethu; (kunjalo)
Kodwa siyakuhamba apho abapostile banyathela khona.

Kuba umhla wokuhlangulwa usondele,
Iintliziyo zabantu ziyaphela kukoyika;
Zaliswani nguMoya, izibane zenu zilungiswe zikhanye, (ningalingi)
Khangelani phezulu, ukuhlangulwa kwenu kusondlele!

309 Umprofeti wathi, "Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa."

Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa,
Indlela eya eBuqaqawulini ngenene niyakuyifumana;
Kwindlela yamanzi, ikukuKhanya namhlanje,
Ningcwatywe eGameni elinexabiso likaYesu.
Batsha, badala, guqukani kwizono zenu zonke,
UMoya oyiNgcwele ngokuqinisekileyo uyakungena;
IZibane zangokuhlwa zifikile,
Iyinene eyokuba uThixo noKristu Banye.

310 Silapha! Sisekupheleni. Asiyonto nje yokugeza yomntu leyo. Lo ngu ITSHO INKOSI.

Masithobiseni iintloko zethu.

311 Thixo onenceba, Yehova, uSomandla lowo waduduma phezu kweNtaba yeSinayi; baza abantu bakhala, “Makuthethe uMoses, ingabi nguThixo, hleze sife.” Wathi wena, Yehova Omkhulu, “Ndiyakubavelisela uMprofeti. Andisayi kuphinda ndithethe ngale ndlela kubo.” Kodwa Wathembisa Oyakukwenza, waze Wakwenza; Wasivelisela iNkosi uYesu. Yena uliLizwi. Wathi Wayelilo. “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuThixo, waye uLizwi enguThixo. Waza uLizwi wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu.”

312 Siyazibona izinto Awasiprofetela zona apha, ngomprofeti Wakhe, uYohane, kwisiqithi sePatmos. Siyibona izalisekile, kwigama ngalinye. Sibona uMoya oyiNgcwele ubonakalaliswe phakathi kwethu apha emhlabeni. Siyawabona amahlelo eMkhuphele ngaphandle kwebandla; uLizwi. Abananto babachase ngayo abantu; lela Lizwi abalithiyileyo. Lichasene nezithethe zabo. Kanye njengokuba kwakunjalo xa Wawulapha emhlabeni, WawuliLizwi, kwaye Wawuchasene nezithethe zabo; kwaye bakuKhuphela ngaphandle kwamabandla abo, kuyo yonke indawo.

313 Kwaye ngoku, Nkosi, akukho ntsebenziswano, naphi na. Ndizama nkqu nokungena eMzantsi Afrika, apho ndaziyo ukuba kukho imiphefumlo ethile apho esalindileyo. Kuyo yonke indawo, kwaye kukhangeleka ngathi abazukundamnkela, Nkosi. Kungenganxa yam, Nkosi; kungenxa yalo Myalezo. Kodwa, Wena wathi kuyakuba ngale ndlela, kwaye Usazisile loo nto ukuze singabi nakutyhafiswa. Siyayazi iyure esiphila kuyo.

314 Thixo, aba bantu bahleli apha ngale ntsasa, kweli lishushu, lojoya igumbi apha. Bamamelisisile. Bayabona ngoku, ndiqinisekile. Ukuba ababonanga, yityhile kubo, Nkosi, ukuba bekutheni na ukuze Ungandivumeli ukuba ndithabathe loo Maxilongo. Ndiyabona ukuba akananto yakwenza nathi. Kanye kwelaa Xilongo leSithandathu, kwenzeka konke, kwaye sesilibonile iTywina leSithandathu livuliwe. Kwaye sibonile umbono apha, kwiiveki ezimbini ezidlulileyo, ingowomboniso wangaphambili woMtshakazi kunye nebandla, njengoko ndiwuchazile apha. Kanye njengoko Undibonisile, Nkosi, ndiwuxelile. Sithi aba. Lisenokuba liphelile ixesha kunokuba sicinga.

315 Owu Bawo, ukuba kukho umntu apha ngale ntsasa, o—othabathe nje iinkolo ezithile, impembelelo ethile yezakwalizwi, okanye ilizwi lesifundiswa sezakwalizwi esithile elichaseneyo neLizwi likaThixo! Abe engamazi uKristu wenene, uMoya oyiNgcwele wenene. Alityhilwanga kubo, iLizwi, okwangoku, ukuba liyakuba njani na iLizwi ngalo mhla. Babona kuphela isithethe. Bahleli e—ekuKhanyeni okuphandlayo. Njengolona phango lukhulu

lwakhe lwenziwa ehlabathini, beluseNgilane, lwenziwa ngokukhanya kobuxoki. Kwaye olona phango lukhulu lwakhe lwalufumana ibandla Lakho, kuxa bathi bathabatha ukukhanya kobuhlelo baze bala ukuKhanya kwenene kweBhayibhile, uKristu.

316 Owu Thixo, yiba nenceba! Sindisa abalahlekileyo, Nkosi. Nceda, ndicela nje ithutyana elongezelelekileyo, Yesu. Sinabo sibathandayo. Ithutyana nje elongezelelekileyo. Kwamsinya elaa Litye likhulu liyakuthwebuka lihle entabeni. Siphe, Nkosi, ukuba kukho okhoyo apha ngale ntsasa ongeNawe, banga bangeza khona ngoku, kamnandi, baze baKwamkele.

317 Ngoku sizithobileyo iintloko zethu. Ukuba ungaphakamisa isandla sakho, uthi "Ndikhumbule, Mzalwana uBranham." Asina . . . Iziguqo nezinto zizele. UThixo akusikelele. Yithi nje, "Ndikhumbule." UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Ngenene nje ngamakhulu ezandla!

318 Bawo, Thixo, kukho isithunzi esincinane kwindawo ethile. Sisuse, Nkosi. Bahleli apha kweligumbi. Ungakhe . . . USathana usenokuba uwamfamekisile amehlo abo, kumaxesha adlulileyo, kodwa ndiyathandaza ukuba Uqhwanyaze kuyo loo nto, njengokuba Wenzayo kuthi kwiintsuku ezininzi ezadlulayo. Kodwa ngoku ngenxa yokuba Usibizela sonke ukuba sibone . . . IBhayibhile ithe babemfanyekisiwe. Babengayazi loo nto. Wathi, "Ndiyakucebisa ukuba uthenge kuM intambiso yamehlo." Thixo, sebenzisa intambiso yamehlo ngale ntsasa kumehlo abo, ukuze babe nokubona. Ukanti kuyakuba ngokuthobeka, kwigquba labantu abathobekileyo; nabathobekileyo, abangafundanga, njalo njalo, kodwa noko yiloo ndlela ekwakuyiyo ekuqalekeni. Siphe oko, Nkosi, ukuba baYamnkele khona ngoku. Ndibanikela kuWe, eGameni loNyana Wakho, uYesu.

319 Kwaye Wena wathi, "Lowo uthi alive iLizwi Lam." Kwaye ndiqinisekile, Nkosi, ngokukona kungcono ukwazi kwam, baLivile. "Kwaye bakholwe kuLowo Wandithumayo," hayi ukuzenza okholwayo, kodwa ngenene akholwe, kwaye akholwe kuloo nto liyithethileyo iLizwi. "UnoBomi obungunaphakade, yaye akasayi kuya eMgwebeni; koko udlule ekufeni wangena eBomini." UYohane 5:24.

320 Siphe, Nkosi, ukuba babe ngaBakho, ukusukela ngale yure kuqhubekeke. Ukuba kukho ukuthingaza engqondweni yabo, kususe. Ukuba kukho mntu ongaphilanga phakathi kwethu, makathi uMoya oyiNgcwele omkhulu, Nkosi, . . . Lowo, ndaziyo ukuba ukho; etyhila iingcinga, emi apha eqongeni. Bazi konke malunga nalo. Ndiyathandaza ukuba Ubaphilise, Nkosi. Phendula yonke imibuzo.

321 Iqula lizakuvulwa kwabo bangazange bantywiliselwe eGameni likaYesu Kristu, bethabatha iGama loMyeni.

Banokwehlelo, okwasezasezicaweni; akukho namnye wakhe wabhaptizelwa kwezo zihlonipho zika "Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele," okanye watshizwa; kwaye nezi zinto zesithethe zizezamabandla esisigaba, intshukumo yomchasi-Kristu, umfanekiselo werhamncwa. Akukho namnye umntu wakhe wabhaptizelwa eGameni lika "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele," de kwalibandla lobuKatolika. Yonke iBhayibhile, nayo yonke imbali, emva koko, ithi babhaptizelwa eGameni likaYesu.

322 UPawulosi wathi, kumaGalati 8:1, "Ukuba neNgelosi ephuma eZulwini iyeza ishumayele nayiphi na enye iVangeli, mayiqalekiswe." Kwaye Wena wayalela abo bantu babephaptizelwe phantsi koYohane, kwalowo wabhaptiza uYesu, ukuba beze baphindwe ukubhaptizwa kwakhona eGameni likaYesu Kristu, kwiZenzo 19. Waze wathi, "Ningavumeli neNgelosi inixelele nayiphina na eyenye into."

323 Kuyakufika umthunywa ngomhla wokugqibela, uyakukhokelela abantu babuyele kwisiqhamo sokuqala, emva kuKholo lwasekuqalekeni. Siphe oko, Nkosi, ukuba loo Mthunywa mkhulu phakathi kwethu ngoku, uKristu omkhulu, uMoya oyiNgcwele enziwe wacaca, wenza ukuba kubekho ukuqonda, evula iLizwi eLityhila kuthi, wanga Angabakhokela babuyela kolwasekuqalekeni, uKholo lwepentekoste. Njengokuba watshoyo uPetrosi, ngoMhla wePentekoste, "Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono." Kwaye kwaba njalo okokoko, kuye wonke umntu, kwade kwalibandla laseRoma eNicaea.

324 Thixo, yiba nenceba ngoku. Iqula liza kulunga; iintliziyo zivuliwe. Ngena, Nkosi Yesu. Sikwiiyure zokugqibela. Ukuba ikho indlela yokuba kwenzeke, Nkosi, ngabo bangenayo ngale yure; abo, ndithemba kwaye ndiqinisekile ukuba bakho. Kwaye thina singaphakathi, Nkosi, sanga singaphengulula ngoku, ukuba sibonile saza seva iZwi likaThixo lithetha ngeLizwi Lakhe, kwaye sisazi ukuba yiyiphi na iyure esiyiphilayo. Siphe oko, Bawo. Sibanikela kuWe, eGameni loNyana Wakho.

325 Ngoku iintloko zethu sizithobile.

Ngokuthambileyo nangobubele uYesu uyabiza,
Ubiza wena . . .

ISIDLO SAMAXILONGO XHO64-0719M
(The Feast Of The Trumpets)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa kusasa, ngoJulayi 19, 1964, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org